Ndivile Kodwa Ngoku Ndiyabona

Hlalani. Kuhle ukubuyela kwakhona ngobu busuku. Ndinombulelo sinelithuba kwakhona ngoku lokukhonza iNkosi. Kwaye emveni kokunigcina ithuba elide kubusuku obugqithileyo, ndivakalelwa ngokuba ayiyikubabubulungisa ukunigcina ithuba elide kwakhona ngobu busuku.

2 Nje emva phaya ndiphulaphule kwiqabane elingumzalwana wethu, eNkosini, elisandula kubuya e-Indiana, lashukunyiswa liphupha elingaqhelekanga. Akazange abe seShreveport ngaphambili, ebomini bakhe. Kodwa waphupha, ngobunye ubusuku, ukuba weza eShreveport, hayi ngemoto yakhe. Kwaye weza nge . . . okanye weza ndaweni ithile, kwibandla apho ndandithetha khona. Wathi, emveni kokuba ndishumayele kwaye ndathandazela abantu, ndathi, "'Into ethile izakwenzeka.'" Wathi, yena "wayebuyile kusuku olulandelayo." Kwaye wathi, yena "wayesazi isakhiwo, indlela esasikhangeleka ngayo." Wathi, "Kukho—iholo likamasipala ngaphaya kwendlela, kodwa abazange baye kwela holo." Wathi, "Likweli cala, kwisakhiwo selitye esasinephiko kuso, kwaye isakhiwo sihleli kanye ngolu hlobo." Kwaye i—inkwenkwe ngumphuphi, ndiwabonile amaphupha ayo kwaye ndayazi ukuba anyanisile.

3 Yaze yathi—yaza yathi, "Emva koko kubusuku bokugqibela" okokuba mna "ndandithetha kwaye ndithandazela abagulayo." Ndaza ndathi, "'Into ethile ilungiselela ukwenzeka.' Yaza yavaka ngathi kukugqekreza kwendudumo." Yaza yathi, "Abantu baqalisa ukukhala." Yaza yathi, "Njengoko indudumo iqalisa ukumka, ke," yathi "Yenza ingxolo, yaza yaqalisa ukuthetha." Yathi, "Okwakuthetha kwakuqhubekeka, kuba ngale mibiyelo (iifestile phezulu apha) kuza uZuko lukaThixo, lungena, kwimo yeNtsika yoMlilo." Akazange waYibona. Wasiva sithetha ngaYo, kodwa akazange waYibona ngokunokwakhe. Waze wathi, "Nantsiya Yona yayiphaya, yeza ngeefestile ngolwahlobo, yaza yenza okwakuKhanya ngokufana nenikubonayo kumfanekiso, kanye ngasentla kwesihlwele apha." Waze wathi, "Yayikukukrazula into ethile." Waze wathi, mna "ndema, ndaza ndathi, 'Lowo nguYehova uThixo.'"

4 Waze wathi "wakhunjuzwa nge (xana ecinga malunga naYo) xana uMoses wabiza a . . . wakhuphela ngaphandle kweYiphutha abantu. Kwaye bathi, 'Mayibe nguMoses othethayo, hayi uThixo, hleze sife.'"

5 Wathi, “Wonke umntu wayelele phantsi, izandla zabo ziphakanyisiwe, bekhala.” Wathi, “wayekhala, naye, ‘Nkosi Thixo, ndiyakuthanda Wena! Ndiyakuthanda Wena!’” Kwaye umfazi wakhe wamshukumisa waza wamvusa.

6 Ndimbona esihla ngemigca kanye ngoku, uMzalwana uJackson, owayengumshumayeli waseWisile. Kwaye wayephazamisekile, de wehla weza; waza wathi xana wangenayo, waye “ethukile kakhulu,” nje ngqo ngendlela awayeyibone ngayo ephupheni. Andiyazi lithetha ntoni. INkosi ilifihlile kum. Kodwa into ethile ingenzeka, ukubona uMzalwana uJackson uphuphe okuya, ekwazini yena njengenyanisekileyo, eyenene—eyenene indoda isicaka sikaThixo.

7 Kwaye ndi—ndiyamazi yena ephupha amaphupha, esiza kum, kwaye iNkosi iye yandinika utoliko, beliyakuba ngokugqibeleleyo nje ngokufana nokuya. Kwa kulo, ngelinye ixesha, ukuya kwam e-Arizona, waba nephupha layo.

8 Kwaye uphazamisekile kakhulu. Ukunye nomfazi wakhe, uze naye. Uzakuba nomntwana kwakamsinyane, kwaye indlela ekuphela kwayo anokuhamba ngayo kungenqwelo-ntaka. Ebengenayo nepeni yokuza, kwaye umntu othile umnike imali. Kwaye ke ngahlobo luthile iye yasebenza ngendlela engummangaliso, ke into ethile ingenzeka; sithemba njalo. Asazi nje yintoni iNkosi eyakusinika yona.

9 Ngoku, sinombulelo kwiNkosi ukuba siphila kulomhla esiphila kuwo, nje ngaphambi kokuza kukaYesu. Njengoko benditshilo ngaphambili, lelona xesha likhulu kuyo yonke imbali. Ndingakhetha ukuphila ngoku kunalo naliphi ixesha, kuwo . . . emhlabeni.

10 Ndibona apha phambi kwethu, kwakhona ngobu busuku, ngumhlobo wam olungileyo, uMzalwana uDauch. Ndimkhankanyile eholweni ngale ntsasa. UMzalwana uDauch ungamashumi alithoba anesithathu eminyaka ubudala namhlanje, injani ukusikeleleka. Unikele ngobude ubomi bakhe kuzuko nokudumisa uThixo, amashumi alithoba anesithathu namhlanje. “Mini Yovuyo Yokuzalwa” kuwe, mzalwana wam! Kwaye ndiyayazi, ezantsi, esizweni apho baphulaphuleyo khona ngobu busuku, nabo banqwenelela uMzalwana uBill Dauch i “Mini Yovuyo Yokuzalwa.” Ungumhlobo osondeleyo kakhulu ka Oral Roberts, abaninzi, uncede abaninzi kwindlela yeVangeli, nayo yonke into. Ungumhlobo omkhulu wethu.

11 Ndiyavuya ukubona uMzalwana uMann apha, omnye umshumayeli womWisile, wasindiswa kwaye wabhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele, naseGameni likaYesu Kristu, ehleli apha. Nguye, kananjalo, omnye wamaqabane ethu osuka e-Indiana. Kwaye ndiyaqonda uMzalwana uHickerson uhleli apha ngakuye, omnye wamadikoni ethu osuka eJeffersonville, Indiana (baphulaphule phezulu phaya ngobu busuku). Kwaye

ndiyaqonda ukuba uMzalwana uWheeler, omnye wamanye amadikoni alapha ndaweni ithile. Kwaye a—andikhange ndimbone okwakaloku nje, umntu othile walathe iminwe yabo ngaphaya kwaye ndiyakumfumana emveni kwethutyana; ehleli ngapha, kude ngaphaya ngasekunene, ewe.

Mzalwana uBanks Wood, ukuba uphulaphule ngobu busuku, umntakwenu ebelapha kubusuku obugqithileyo. Ndimbonile njengoko bendiphuma, uMzalwana uLyle. Ingqina likaYehova; iqela lonke laguqulwa. ULyle waziswa ngaphakathi ngenxa yombono weNkosi.

12 ULyle wayehleli ephenyaneni phaya ngala mini, xana imini ngaphambi kwayo waxelelwa ukuba "into ethile" yayi "zakwanzeka ngokubhekiselele kuvuko lobomi." WayeliNgqina likaYehova ngenene, ngokunjalo! Kodwa ngala ntsasa, ehleli phaya, eloba, kwaye wabambisa . . . Ke, wayenenkulu, enkulu endala (lafashoni yaseKentucky, niyayazi) . . . igwegwe elikhulu kwaye encinci, intlanzana yaliginya. Kwaye watsala nje impefumla yentlanzi, iziphakathi kunye nako konke kwaphuma, wayigibisela emanzini (encinci, intwanana yentlanzi), waza wathi, "Kulungile, mfo omncinci, uphulukene nokokugqibela kwakho." Encinci . . . iphaxuzela emanzini, yafa, umoya wayibhudlela kwichibi leenyibiba.

13 Kwaye kusuku ngaphambili, ndihleli, ndathi, "UMoya oyiNgcwele undixelela ukuba 'kuyakubakho uvuko lwesidalwa esincinci.' Mhlawumbi kuyakubakho i—intshontsho lekati, xana ndibuyela ekhaya, kuba nje . . . "

14 Xana sasizama ukomba isithiyelo sentlanzi, uMzalwana uWood kunye nam, abaphulaphuleyo ngobu busuku, intombi yam encinci engumfazi osemtsha ihleli apha, iganelwe kwelingcotshololo lejoni. Njengo be . . . Iyenyuka, ithi, "Tata . . . " Yona kunye nenye encinci intombazana, bathi, "Thina . . . " Ngoku, nabani na angabanaso nasiphi isilwanyana sasendlwini abasifunayo, kodwa ndiqinisekile andiyithandi ikati, ke yona . . . okanye hayi uBranham. Saza sa . . . yathi, "Owu, sifumene ikati endala phandle apha, Tata. Iye—i—iye yatya into ethile kwaye i . . . umntu othile uyidlisile, ikhukhumele yonke." Yathi, "Tata, izakufa kanye ngoku, asinakufumana ibhokisi size siyigcine iqela leentsuku?"

15 Ndathi, "Makhe ndiyibone ikati." Ke, bemka baza bafumana ikati. Ndabona oko kwakuzakwenzeka, ke ndamnika ibhokisi. Kwaze kwintsasa elandelayo, kwakumalunga nesixhenxe okanye isibhozo samantshontsho phaya, niyayazi. Ke inkwenkwe yam encinci, uJoe, yathabatha elinye lawo, yalicudisa yaza yalilahla emgangathweni; kwaye nje—nje . . . umfo omncinci elele phaya ezulazula, yalibulala.

16 Ndaza ndathi kuMzalwana uLyle, umntakwabo, Ndathi, “Uyayazi, ingaba kukuba iyakuba lelantshontsho lekati liyakuvuswa, njengoko siyibonile iNkosi isenza izinto.”

17 UMzalwana uLyle, wayemtsha nje endleleni. UMoya oyiNgcwele wayesandula kumxelela wayetshatile, noko wayekwenzile, kunye nobubi ewayebenzile, izinto abezenzile. Ke, wacinga uMzalwana uBanks wayendixelela ezo zinto. Kodwa xana Wamzisayo kanye ngaphandle, waza wamxelela oko ebekwenzile ngobusuku obungaphambili, oko kwa—oko kwakungaphezulu kuye. Akabanga nako ukuyifumana.

18 Emva koko, kwintsantsa elandelayo . . . Ngelixa siloba ubusuku bonke, nentlanzi encinci, sasibambisa ezinye ukwenzela isibambiso. Kodwa wagibisela nje lantlanzi incinci emanzini, yangcangcazela, yagqabhuka. Malunga nesiqingatha seyure kamva sasihleli phaya, kwaye . . . Ndathi, “Mzalwana uLyle, Uyeka lantlanzi iginye igwegwe konke ukwehla ngesisu sayo. Yabona?” Ndathi, “Thabatha intambo yokuloba apha, uyiphethule, isibambisi ngolwahlobo; kwamsinya nje iyichukumisa,” Ndathi “ngoko nje yibambe ze ngoko uyizise.” Ndathi, “Yona . . . sukuyitsalela ngaphandle ngolwahlobo, sukuyiginya, bambisa intlanzi.”

19 Wathi, “Kulungile . . .” Wayenenkulu, endala enkulu intambo ijinga, wathi, “Lena yindlela esiyenza ngayo,” ngolwahlobo.

20 Ke, nje malunga nexesha, ndeva Into ethile isehla kumphezulu wentaba phezulu phaya, isaqhwithe, isaqhwithe sijikeleza kwaye sijikeleza. Nasi Sona sisiza sisehla ngolwa hlobo, kwaye uMoya kaThixo weza phezu kwephenyane, wathi, “Yima ngeenyawo zakho.” Wathi, “Thetha kulantlanzi ifileyo. Uthi, ‘Ndikubuyisela ubomi bakho.’”

21 Kwaye la ntlanzi incinci yabe ilele phaya isiqingatha seyure, kunye neziphakathi zayo zisemlonyeni, neziphefumlo zayo. Ndathi, “Ntlanzi encinci, uYesu Kristu ukubuyisela ubomi bakho. Phila, eGameni likaYesu Kristu.” Yaphaxuza ngomqolo wayo, yaze yehla ngamanzi yaya ngamandla kangangokuba yayinokuya.

22 Mzalwana uLyle, ingaba ulapha ndaweni ithile? Ndi—ndikubonile kubusuku obugqithileyo. Nokuba ungaphakathi, ngaphandle, okanye apho akhoyo, phakamisa isandla sakho ukuba ndingakubona. [Umntu othile uthi, “Bhalkoni.”—Mhl.] Uthini? Ebhal- . . . Owu, ewe, kude phezulu ebhalkoni, ngeefestile emva phaya. Leyo yindoda, iNgqina likaYehova.

23 Wathi, “Mzalwana uBranham!” Wayethabathekile wonke, wathi, “Uh, ku—kulungile ukuba lapha. Akunjalo?” Wathi, “Uh-uh, ingaba wena—ingaba wena . . . Uh, ingaba wena ucinga ukuba okuya kuthetha mna, okokuba—okokuba—okokuba, okokuba ndibize la ntlanzi incinci, ndathi, ‘Usebenzise ithuba

lakho lokugqibela'?" Wathi, "Okuya—okuya—okuya kuthetha into ethile malunga nam?"

24 Ndathi, "Hayi, hayi, sisiqinisekiso nje." Wayephazamisekile malunga nayo.

25 Ke, sahamba sonke kwaye niyabona ezo zinto zisenzeka, ekwazini . . . Ngoku, yicinge nje, yayiyintoni eyayiyibonisa? Ndinabaninzi abantwana abanezihlunu eziqinileyo kuluhlu lam lokuthandazela, ukuthandazela yona, kodwa xana umbono ufika wawungowentlanzi encinci malunga kangaka ubude, malunga nee intshi ezimbini ubude okanye ezintathu. Lakhangeleka ngathi igwegwe lalilikhulu kangangentlanzi. Kodwa into eyayiyio, yayikukubonisa nina ukuba uThixo ukhangela kwezincinci ezinto nazo. Yabona?

26 Ngenye imini xana abaneqhenqe babelele nkulo lonke ilizwi, Wasebenzisa amandla Akhe waza wabeka isiqalekiso emthini. Waqalisa ukubuna, xana kwakukho abantu ababelele ndaweni yonke bedinga lamandla empiliso. Kodwa, niyabona, Wayefuna ukubonisa ukuba UnguThixo phezu kwento yonke, nokuba incinci, nokuba inkulu, nokuba yintoni. UsenguThixo phezu kwento zonke, yonke indalo. Ke siyamthanda Yena ngokuba . . . Okuya—okuya kunika ukuba sazi, ukuba Yena unomdla wokuthetha iLizwi lobomi kwintlanzi encinci engabalulekanga ilele phaya ifile, emanzini kangangesiqingatha seyure, Anganakho ngokuqinisekileyo ngenye imini ukuthetha uBomi kubantwana Bakhe. Akukhathaliseki ukuba umzimba wakho awukho ngaphezulu kunecephe lothuli, Uyakuthetha, kwaye siyakuMphendula ngenye imini. UnguThixo Onomdla kwinto yonke, konke oko esikwenzayo, konke esikuthethayo, yonke into. Unomdla.

Ngoku masithobiseni iintloko zethu, ndaweni yonke.

27 Andazi ngoku, ngaphambi kokuthandaza, ukuba kukho nabani ngobu busuku onomdla kuYe, kodwa noko akukabinandawo uyibekelweyo okwangoku yelinye iLizwe apho sizakumbona Yena. Niyayazi, akunakuza ngaphandle kokubekelwa indawo. Kwaye anikazenzi okwakalokunje, kodwa ningathanda ukukhunjulwa emthandazweni ngoku, okokuba yonke into iyakwenziwa kakuhle phakathi kweni noThixo ngobu busuku, ningaphakamisa nje isandla senu; niyakuthi, "Ndikhumbule, Nkosi"? Wena u . . . nje vumela Yena abone isandla sakho. Thixo, siphe yona.

28 Bawo waseZulwini, njengoko simile ngobu busuku phakathi kwabaphilayo nabafileyo; kwaye ezi zinto ezenzekayo kule mihla, ezingaqondakaliyo, ngokuqinisekileyo zezingaqondakaliyo; kodwa Thixo, Uyayazi nokokuba ziyinyaniso okanye hayi, UnguMgwebi ondilisekileyo wamazulu nomhlaba. Kwaye siyakutsho oko, Nkosi, nje ukukhuthaza abantu (ezinye zezinto othe Wena wasibonisa zona), ukuze

bakhuthazwe ukuba bakuthande Wena kwaye bakukholelwe Wena, bakukhonze Wena, kwaye ukwazi ukuba nokuba sincinane kangakanani isenzo, sihle okanye sibi, Uyasibona. Ndiyathandaza, Thixo othandekayo, ukuba Uyakusikelela wonke ubani wezo zandla ngobu busuku, kunye nomphefumlo nomoya othe wakhuthaza esa sandla ukuba siphakame. Kwaye ndiyathanda, Thixo, ukuba obu iyakuba bubusuku okokuba iindawo ezibekiweyo zabo ziyakwenzelwa ela Lizwe ngaphaya komlambo. Siphe oko.

29 Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo, Nkosi, ngokubini apha, konke ngaphadle ukunqumleza umhlaba apho u—u—upapasho ngeminxeba lungenayo. Sikelela abo phandle phaya abangasindiswanga, yonke indlela ukusuka eCalifornia ukuya eNew York, ukusuka eCanada ukuya eMexico. Siphe, Nkosi, okokuba wonke umntu phantsi kwesandi selizwi, ngobu busuku, uyakusindiswa ezonweni zabo, baphiliswe kwizigulo zabo, ngenxa yoBukhona bobuNgcwele Bakho.

30 Kwaye lona wethu uMzalwana uJackson, obhabhe yonke indlela ukwehla ngala mawaka eemayile apha, ukuba abe lapha ngokuba into ethile engaqhelekanga ishukumise intliziyo yakhe; "Kwaye bayakuphupha amaphupha, kwaye babone imibono." Thixo othandekayo, Wena uyigcine iyimfihlelo kum, oko oku kukuthethayo; andikwazi. Kodwa ukuba Uyakusihambela, Nkosi, lungisa intliziyo zethu ngoku ukwenzela olwahambelo. Ukuze sibe nokubaphantsi kolindelo, singazi oko Uyakukwenza, nokungazi ukuba Uthembisile ukusihambela ngeli phupha; asiyazi. Kodwa thina si—sichaphula nje ezo zinto esiziqondayo, ukuba Wena uthembisile ukutyelela abantu Bakho, kwaye siyathandaza ukuba Uyakuzenza Wena owenene kuthi apha. EGameni likaYesu Kristu siyayicela. Amen.

31 Ngoku, ngobu busuku, emveni kokunigcina ithuba elide kubusuku obugqithileyo nangale ntsasa, kwaye ndinokuba butshotozarha. Ndinentwanana yenwele endiyifumeneyo, ndifaka yona phezu kwendawo eyimpandla yam *apha* xana ndishumayela. Kodwa ndiyilibele ngeli xesha, kwaye lo moya, ungena ngezifestile, uyaqalisa ukundinika o—okuncinci ukutshotoza. Ndandiqhele u . . . Bendiya kufanela ndivale umhlangano, kodwa ekubeni ndifumene okuya, ngoko andisazikhathazi ngayo, ndiyaqhubeka nje. Kwaye ndiyilibele, kwaye i . . . Ndi . . . hlobo lokuyiva, ke imithandazo yenu iyakuxabiseka. Kwaye ngoku, ezi ziinkonzo ezimbini suku ngalunye, kwaye zona zi . . . hlobo lokufumana . . . Niyayazi, xana ufumene iimayile ezininzi, iya . . . ungayixela.

32 Ke ngoku kuni bantu eCalifornia, naphandle e-Arizona, sonke sithumela imibuliso ukunqumleza isizwe. Mzalwana uLeo kunye neqela elilindele iNkosi phezulu ePrescott, nimenyiwe ngoku, kunye nani nonke bantu ngokungqonge iPhoenix, iveki ukusuka ngobu busuku, kufanele sibe ngaphaya eYuma

esidlweni. Sebewathengisile amatikiti abo onke ngaphaya kwaye baneholo elikhulu, kwaye abanakho ukubabeka abantu. Ke fikani ngethuba, nina nonke, ukuze—ukuze ningene. Emva koko siyakuya eLos Angeles ukusuka phaya, kuMvulo olandelayo . . . kwiCawa elandelayo, ebusuku ngeCawa. Kwaye ke sijonge ukunibona nonke ngaphaya. Iintsikelelo ezityebileyo zikaThixo ziphumle kuni nonke.

33 Kuni eNew York, nani abasekungqongeni phezulu e-Ohio neendawo ezahlukeneyo, kwasimnya ndifuna ukushumayela uMyalezo wo*Mzila weNyoka* (irhamncwa ekuqalekeni, kunye nerhamncwa ekupheleni), emnqubeni. UBilly uyakunithumelela imbalelwano ngokuya, xana sizakuyithetha, kuba ndikwenza okuya eMnqubeni ngokuba iyakuba, ubuncikane, iyakuba ziiyure ezine okanye ngaphezulu ubude.

34 Ke ngoku . . . ke ndifuna nina apha, apha kwaye naphina enikhoyo ngoku, nityhile kwiNcwadi kaYobhi. Engaqhelekanga kakhulu iNcwadi ukushunyayelwa kuyo, kodwa ndifuna nje ukusebenzisa imibhalo embalwa apha ngoku.

35 Kuze emva koko, ngomso kusasa, apha emnqubeni, kuyakubakho iinkonzo zeSikolo seCawa e . . . Siqalisa apha ngeliphi ixesha? [Umzalwana uthi, "Icala leyesithoba."—Mhl.] Icala leyesithoba. Kuze emva koko ndinenyhweba yokuthetha apha kwakhona ngomso. Kwaye iNkosi ithandile, ndifuna ukuthetha kumxholo . . . ukuba Iyathanda, ngoku, njengoko bendifundisisa ngale mvakwemini, ukunibonisa ukuba, "Inye kuphela indawo apho uThixo ayakuhlangana khona nomnquli." Uh-huh, kuphela . . . Kwaye—kwaye ndinokunixelela ukuba yintoni londawo, kwaye yintoni iGama lalondawo, apho uThixo ayakuhlangana khona nomnquli.

36 Kwaye ngoko, ngomso ebusuku, ndizakucela inceba, yokuba, ukwenzela inkonzo yempiliso. Kwaye ndi—ndifuna eyohlobo lwakudala inkonzo yempiliso. Kwaye ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukuthetha kumxholo ondothusileyo namhlanje . . . Xana uMzalwana uMoore nam besithetha sobabini, abaxabisekileyo abazalwana bam, besixoxa ngeZibhalo. Kwaye bekuthandeka kanjani ukuba nabo bazalwana, njengamaxesha akudala. Waze wathi, "Uyayazi, Mzalwana uBranham, konke ukushumayela owakhe wasenzela kona apha eShreveport, *IMvana Kunye NeHobe* yayingomnye webalaseleyo imiyalezo owakhe wasizisela yona apha eShreveport." Wathi, "Ndiyaqikelela ukuba uMyalezo wakho ubunzima kakhulu kuwe namhlanje, akunakuze ufikelele komnye ofana nalowa."

37 "Xana ndikuphosa oKuya, ndiphosa uMyalezo wam." Uthando kokwam . . .

> Mvana Ethandekayo efayo, iGazi Lakho elihle
> Alinakuze liphele amandla,

De lonke ibandla likaThixo elihlawulelwayo
Lisindiswe, lingaphinde lone.

Ukusukela ngokholo ndabona lamjelo
Awakho amanxeba ophayo enikeza,
Uthando oluhlangulayo ibe isisihloko sam,
Kwaye liyakuba njalo de ndife.

38 Ngomso ebusuku, ukuba iyakube iyintando yeNkosi, ndifuna ukushumayela kumxholo we: *Kumaphiko Ehobe-Elimhlophe Okwekhephu*. Ngomso ebusuku, "INkosi isehla isiza ngamaphiko eHobe," oko kukuthi, ukuba iNkosi ithandile, ilizwi lam alibi libi kakhulu. Ngoku . . . ke, sithandazeleni.

39 Kwaye emva koko ndifuna owohlobo lwakudala umhlangano womthandazo ofana nesasinawo ekuqalekeni, akukho lucalulo, nje ngokulula ukunika wonke umntu ikhadi ofuna ukuthandazelwa. Ngoku, kufuneka ube nekhadi, ke yiba lapha kwangexesha ukuze uBilly abenokunika ikhadi kwaye ayigcine ingumgca. Ukuba aniyenzi lonto, abantu bayaphinda nje ukuphindaphinda ukubuya, nokuphindaphinda ukubuya, nokuphinda ukubuya, kwaye akukho siphelo somgca. Wonke umntu angaba nekhadi. Ndifuna uMzalwana uJack ame ecaleni lam kumgca wokuthandazela, njengokuba wawuqhele ukukwenza, kwaye uMzalwana uBrown azise abantu kum endaweni yokuba ibe nguBilly Paul. Ndi—ndi—ndi—ndi—ndifuna owohlobo lwakudala umgca wokuthandazela, kwaye siyakuthandazela nje ngendlela esasiqhele ukuyenza kwiminyaka eyagqithayo.

40 Ndiyavuya ngobu busuku ukuba nelinye iqabane lomzalwana kunye nathi, nje ukubhekabheka nokuqaphela ngoko kwaye ndambona, kwimizuzu embalwa egqithileyo, uMzalwana uGordon Lindsay. Ungomnye woomadala, waye kunye nathi kwixesha lakudala elagqithayo. Esenza umsebenzi omkhulu, ukuprinta, ukuprinta incwadi yam ngoku: *I—Izigaba Zamabandla Asixhenxe*. Siyathemba ukubanayo kwakhona, *Amatywina Asixhenxe*. Ukuba kuyenzeka ukufunda okuya ngaphambi kokuyiprinta, sizakuba nengxoxo ngezemfundo yezenkolo. Ndivakalelwa nje ukuba iyeza. Kodwa uyayazi andingowemfundo ngezenkolo. Ke . . . Ke, singxamele ubusuku bangomso. Ukuba ungaphakathi, Mzalwana uLindsay, yiba lapha ngomso ebusuku. Ukuba ulapha, fika uze ube nathi eqongeni ukwenzela owohlobo lwakudala umhlangano womthandazo.

41 Bangaphi abayakuthanda ukubona omnye wabo oomadala kwakhona, apho sibanyusela khona abantu? Oko kuyaba kokulungileyo. Ngoku, zisani abenu abagulayo nabaxhwalekileyo, ngomso ebusuku, ukwenzela esa sizathu ngoko.

42 Ngoku, ukuba ninayo iNcwadi kaYobhi, umqolo wama-42 . . . okanye isahluko sama-42, kunye nemiqolo yokuqala emithandathu yesahluko sama-42 kaYobhi; engaqhelekanga kakhulu. Mzalwana uTed Dudley, ukuba uphulaphule ngobu busuku, ngaphaya ePhoenix, uyakhumbula wena nam sithetha ngelinye ixesha, malunga neveki okanye ezimbini ezigqithileyo, kwaye sabhekiselela koku? Ndakuxelela, "Ngenye imini okuya kuyakuba sisiqendwana sam." Kwaye ndifuna ukusebenzisa sona ngobu busuku.

Waza waphendula . . .

Waza uYobhi wamphendula uYEHOVA, wathi,

Phulaphulisisani koku kufundwa ngoku.

Ndiyayazi ukuba unako ukufeza yonke into, kunye nokuba akukho ntandabuzo *inokubandezwa kuwe.*

Ngubani lowo usithe icebo engenalwazi? ngoko ke ndithethe oko ndingakuqondiyo; izinto ezibaluleke kakhulu kum, ndangazazi.

Khawuphulaphule, ndiyakubongoza, kwaye ndiyakuthetha: ndiyakubuza kuwe, kwaye undazise.

Bendikuva ukukuva ngeendlebe: kodwa ngoku iliso lam likubonile.

Ngenxa yoko ndiyazicekisa, kwaye ndiguquka ndiseluthulini naseluthuthwini.

43 Ngoku ndifuna ukuthabatha umxholo kulaa mqolo we-5.

Bendikuva ukukuva ngeendlebe: kodwa ngoku iliso lam *likobonile.*

Yanga iNkosi ingasikelela iLizwi laYo.

44 UYobhi, masithabatheni okuncinci kobomi bakhe. UYobhi wayengumprofeti. Wayeyindoda eyaphila emva ngaphambi kokubhalwa kweBhayibhile. Kube kufundisiwe ukuba uYobhi wayeyenye yezona zindala iiNcwadi zeBhayibhile, ngokuba Yayibhalwe ngaphambi kokubhalwa kweGenesis. UYobhi, elikroti nomprofeti, wayeyi—yindoda enamandla ngomhla wakhe. Akukho ntandabuzo yokuba wayekhulisiwe kwaye ekhonza iNkosi bonke ubomi bakhe. Kwaye waphila obunjalo ukukhalipha ubomi ebantwini, bonke babemhloniphile.

45 Kodwa wafika kwindawo apho ayibiza apha, *ukuhendwa* yiNkosi. Kodwa ndingathanda ukusebenzisa igama, uku "lingwa" yiNkosi. Kwaye enyanisweni, "Wonke unyana ozayo kuThixo kufanele kuqala alingwe, avavanywe, ukuqeqeshwa komntwana." Kwaye ngoko ukuba ukulingwa kubanzima, kwaye sicinga kunzima kakhulu kwaye asisayi kuphulaphula (sihoye), ngoko Wathi si "siba ngumntwana ongumgqakhwe, kwaye hayi umntwana kaThixo." Ngokuba, akukho nto enokushukumisa owenene, ozelwe ngokutsha umntwana kaThixo asuke kuMzali

wakhe, yabona, iyinxalenye Yakhe. Akunakho ukuyiphika, ungaphika isiqu sakho. Yabona, ubenamava, ube uqeqeshiwe kwaye wavavanywa.

46 Kwaye ngoku, le ndoda ekubeni ingumprofeti, yayinakho ukufikelela kubabalo lukaThixo, kodwa uYobhi wayengenaBhayibhile yokuyifunda. Yena . . . iBhayibhile yayingabhalwanga ngelo xesha, kodwa wayenakho ukufikelela kuThixo ngesityhilelo nombono. Oko kwakuphambi kokuba iBhayibhile ibhalwe.

47 Ngoku, siyafumanisa, kwaye thabatha obunye bobomi bakhe, xana uThixo wamsikelela waza wamenza indoda ebalulekileyo. Ngokuba, kwa wonke umntu wamhlonipha, kwa kubulumko bakhe, waba ngobalulekileyo. Impefumlelo yakhe esuka kuThixo yamngqinela ukuba ungumkhonzi kaThixo, ngokucace kakhulu, bade abantu beza besuka ndaweni zonke ukuza kuva kuye. Kwaze emva koko uSathana waqalisa ukuyityhola la ndoda. Kwaye leyo yindlela enza ngayo umkhonzi wonke ophefumlelweyo kaThixo, USathana usoloko ephaya emtyhola ngento yonke ayenzayo engalunganga.

48 Kwaye, ngoku, siyafumanisa ubomi bakhe nezilingo, kunye nokholo lwakhe olukhulu. Kwa uYesu, xana Wezayo emhlabeni, Wabhekiselela kumonde kaYobhi. Wathi, "Anifundanga na ngomonde kaYobhi?" Ukholo lulinda ngomonde ukuba iLizwi elithenjisiweyo lizaliseke.

49 Ngoku, siyaqaphela apha ukuba uYobhi, emveni kokugqitha kwizilingo zakhe, konke ukuxhwaleka kwakhe . . . Wayenosapho oluthandekayo, bathatyathwa kuye. Wayenempilo entle, yathatyathwa kuye. Yonke into awayenayo kobu bomi yathatyathwa. Kwaye wahlala kwimfumba yothuthu, kunye nompha, ekhuhla amathumba akhe. Kwaye kwa nomfazi wakhe, wathetha ngokuchasene naye, wathi, "Kutheni ungamqalekisi uThixo, uze ufe?"

50 Wathi, "Uthetha njengesidengekazi somfazi." Wathi, "INkosi inikile, kwaye iNkosi ithabathile, malibongwe iGama leNkosi!"

51 Ngoku, uSathana wayenyukile waya phambi koThixo, kuba wayenakho ukuza phambi koThixo, waze wamangalela amaKristu (okanye, amakholwa) lonke ixesha. Ke wamangalela uYobhi ngezinto ezininzi, kwaye wathi ukuba "uYobhi, isizathu wayenokumkhonza uThixo, kungokuba yonke into yayimhambela kakuhle yena." Kodwa wathi, "Ukuba Uyakundivumela nje mna ndimfumane, ezandleni zam, ndiyakumenza akuqalekise Wena ebusweni Bakho."

52 Ndifuna niqaphele ukuba okwakuzithemba awayenako uThixo kwikholwa. Yabona? Yena ngu . . . Ngamanye amagama, uThixo wathi kuYobhi . . . okanye wathi kuSathana, ngoluhlobo, "Akunakuyenza! Uyindoda elilungisa egwetyelweyo. Uyindoda

elungileyo. Yena . . . akukho namnye ofana naye emhlabeni wonke." Owu enjani indoda; anokuthi uThixo ngoKwakhe abe nokutsho kutshaba Lwakhe, "Umkhonzi wam ugqibelele kakhulu, akukho ndoda yimbi emhlabeni njengaye." Owu! Ukuba nje sinokuba lolwahlobo lwendoda! Anokuthi uThixo abeke okwakuzithemba phezu kwethu! Okokuba siyazi ukuba asiyikujika eLizwini Lakhe okanye kuBuqu Bakhe, nangayiphi indlela! Sihlale ngqo, kwaye Yena unokubeka ukuthemba Kwakhe kuthi.

53 Ngoku, uYobhi wayeyindoda eyayisenza imithetho kaThixo ngokupheleleyo, ngokuchanekileyo. Kwaye uSathana wayekwazi oko, kodwa wathi, "Ukuba Uyakundiyeka nje ndimfumane, ndiyakumenza akuqalekise Wena ebusweni Bakho."

54 Ke uThixo wamxelela, Wathi, "Ngoku, usezandleni zakho, kodwa musa ukubuthabatha ubomi bakhe." Waze uSathana wolula kokuya kangangokuba wabanakho. Wathabatha sonke isihlobo, nayo yonke into awayenayo, phantse bonke ubomi bakhe, kodwa wayengenakho ukuthabatha ubomi bakhe. Kodwa uYobhi wabambelela kakuhle, kwakungekho kubuyela emva.

55 Niyabona, xana indoda okanye umntu okhe ngenene wahlangana noThixo, kunye noluya lwenene, lutyhilekileyo ukholo lokuba "uThixo nguye!" Akukho nto, akukho xesha, akukho ndawo, enokuze yahlukanise landoda kuThixo wayo. Ndiyakholwa yayinguPawulos wathi, "Akukho ntshutshiso, ndlala, ngozi, nazidalwa eziphilayo, okanye ukufa, okanye nantoni enokusahlula eluthandweni lukaThixo olukuye uKristu Yesu." U-ankiliwe ngokukhuselekileyo kuYe ngokuba wabekelwa koba Bomi.

56 Kodwa uSathana wacinga angamjija amjike kancikana, aze amvalele, aze amenze ayenze. Kodwa, niyabona, uYobhi kunye nesityhilelo sakhe esigqibeleleyo sikaThixo, nokuba yayiNgubani uThixo, kwaye nendlela awayemthanda ngayo uThixo, walinda! Akukhathaliseki nokuba iimeko zaziyintoni, wayelinde kukholo lwakhe luqinisekiswe, ngokuba wayebambelele kuThixo, isityhilelelo. Oko bendithetha ngako kubusuku obugqithileyo.

57 Ngoku, xana abantu abagulayo abangaphakathi esakhiweni, abakhubazekileyo, okanye nina abanesidingo ngoThixo, xana ningafumana olwahlobo lwesityhilelo sokuba ni "gwetyelwe," xana ngokwenene nigwetyelwe ekuceleni into oyicelelayo yona, kwaye nikholwe ukuba "UnguMvuzi wabo bamfuna ngokunyanisekileyo Yena," akukho nto enokunahlula kolwa kholo olu ankilwe kuwe. Yabona? Kodwa, kuqala, ifanele ityhilwe kuwe.

58 Umntu othile uye weza kungekudala, iqela labantu, abanye babo baphulaphule ngobu busuku, baze bandixelela, bathi . . .

Ndaqhubeka ndibaxelela, “Yiyani eKentucky, i-oli isezantsi phaya.” Ndandiyazi, ndayibona embonweni.

59 Kulungile, uMzalwana uDemos nabo zange baye ixesha elide. Emveni kwethuba, bathi . . . Emveni kokuba iTexas ingenile. Baze bathi, “Ngoku siyehla.”

60 Ndathi, “Bekufanele niye kwakudala.” Kodwa zange bayenze.

61 Wathi uDemos, “Ndenze impazamo enkulu kokuya, ngokungenzi okuya, Mzalwana uBranham.”

62 Ndathi, “Ukuba ube uhlile waya phaya, ubuyakubanayo yonke.”

63 Ke, bebengayi kuyiphulaphula. Ngoko okokuqala . . . ngoko, phambi kokuba simke ngoba busuku . . . I—indawo apho sasinesidlo sasemini. UMoya oyiNgcwele wandibonisa ukuchachamba okukhulu komhlaba, kwaye kokuya kwakugcwele i-oli, kwaye ezi mpuphuma zaseKentucky yayiziindawo nje ezincinci ze oli ababempompa kuzo, kodwa lena isuka kumjelo ongowona. Ndaza ndathi, “Mzalwana uDemos, iphaya.”

64 Ke baya kukhangela yona. Wathi, “Yiya ezantsi uze usixelele apho u—apho umthombo we oli ukhoyo.”

65 Ndathi, “Owu, hayi! Hayi! Hayi!”

66 Yabona, asisebenzisi isipho sikaThixo ukwenzela urhwebo. Hayi! Hayi! Wayenokundixelela apho yayikhona, kodwa andinasidingo sayo kwaphela. Bendingenakubanalo nokholo olwaneleyo lokuMbuza. Yabona? Ukuba bendinesidingo sayo, ndiyakholwa ukuba bendiyakumbuza Yena, Yena ebeyakundixelela. Kodwa kuqala, niyabona, izizathu neenjongo zakho kufanele kufanele zibe zezilungileyo. Ufanele ube nezizathu zoku. UThixo akakuniki ezo zinto nje ngenxa yokuba ucelile. Kwaye akunakucela ngokholo ngaphandleni kokuba kukho injongo yenene kokuya, ukuba sentandweni kaThixo. Yabona, ukuba ufuna ukuba ngophilileyo, ufuna ukuba ngophilileyo ukwenzela ntoni? Yabona, ukuba ufuna ukuphiliswa, yintoni isizathu ofuna ukuphiliselwa sona? Yintoni omxelela yona uThixo? Yintoni ofuna ukuyenza ngobomi bakho xana uphilisiwe? Yabona, kufanele kube . . . ufanele ube nesizathu nenjongo, kwaye zifanele zilunge ngokwentando kaThixo. Kuze emva koko xana ukholo lutyhiliwe kuwe, kwaye uThixo ngobabalo Lwakhe oluzimele geqe abeke olwakholo phaya, emva koko kugqityiwe. Yabona? Ngoku yabona?

67 Ngoku, ukwenza ela Lizwi linyanise, xana abazalwana befika ezantsi phaya, bafumana . . . omnye umfo waya ngaphaya waza wathenga imfumba yento, waze wathengisa amaqeshiso, waza waqhatha omnye ngale ndlela. Ndathi, “Yabona, ayisayi kusebenza.” Ngoku nje ukwenza *isiprofeto*

siqinisekiswe, ngaphakathi kwikhulu lomgama apho la madoda ayesomba umthombo wawo, enye indoda yabetha ukumpompoza okukhulu. Kwaye iphaya, ishumi elinanye lamakhulu emiphanda ye-oli ngesiqingatha semini, okanye into ethile okanye enye efana naleya; futhi isaphuma, kanye kulamsinga. Kodwa nje ukwenza esa siprofeto, iLizwi ebelithethiwe lokuba yayiphaya, yayiphaya. Eminye yayo phantse yonke iyoma, yonke indawo ukunqumla eKentucky. Amaqula amancinci, bayawampompa ithuba elincinci, bemke. Kuphela kukuphuphumala kokusuka *koku*. Yabona?

68 Kodwa, ngenxa yomona ongene kuyo, injongo yayingalunganga, ukutyikitya imfumba yento "ibiyakuba nga*le* ndlela," xana bathembisa ukuba bayakuyenzela uBukumkani bukaThixo, kodwa khangela ngathi yeyabo. Yabona?

69 Kwaye ayisayi kusebenza, akukho nto iyeyenzuzo yomntu iyakusebenza. Izizathu zakho neenjongo kufuneka zibe zezichanekileyo, ngokugqibeleleyo kakuhle, ngoko unokholo, lokucela. "Ukuba intliziyo yethu ayisigwebi, ngoko sinokuzethemba." Yabona? Yabona, sifanele sibe nokuzethemba. "Ndifuna oku ukwenzela ukuhlonela nozuko lukaThixo." Ngoko ukholo luno—nomjelo wokungena kuwo; ukuba aluyenzi, ngoko unolwengqondo, lobukrekrele ukholo, kwaye hayi ukholo lwenene olusuka kuThixo. Olwa kholo lobukrelekrele aluyi kukusa ndawo. Lungakwenza ubenemvakelelo, kodwa alusayi kukufumenela impiliso oyifunayo.

70 Ke, uYobhi, ezikhangela ngolwenene ukholo athe uThixo wamnika lona lokuba waye "lilungisa," lokuba wayenze yonke into awathi uThixo wayifuna ayenze. Ngoku xana sizakuthandazelwa, ukwenzela isigulo sethu, andazi nokuba senze yonke into athe wayifuna uThixo ukuba siyenze. Ingaba silandela yonke intwanana yeSibhalo? Ingaba simnikile Yena iintliziyo nobomi bethu ukwenzela inkonzo? Yintoni isizathu ofuna ukuphiliselwa sona? Eso sisizathu ongenakho ukufumana ukholo olwaneleyo, yabona, ngokuba mhlawumbi akukayenzi lento kuThixo ngokunyanisekileyo ukusuka entliziyweni yakho. NjengoHezekiya wenzayo, wanika uThixo isazathu, wayefuna ukumisa obakhe—obakhe ubukumkani ngendlela. Waze uThixo wathumela umprofeti Wakhe emva wamxelela, kwaye wayeyakuphila. Yabona? Kodwa, ufanele ube nezo zinto zenziwe kakuhle, kuqala.

71 Ke ngoko kwamsinyane nje nifika kwezo ndawo kwaye nazi ukuba ibe ityhiliwe kuni ngeLizwi likaThixo, ngesityhilelo, ngeLizwi uThixo afuna nina nilenze, ngoko ninalo ukholo, ukholo lwenene.

72 Ngoku, ngokufana nje no Abraham xana wayenamashumi alithoba anethoba eminyaka ubudala. Ndiyakholwa, iGenesis i-17. UThixo wabonakala kule ndoda indala, ngoku, amashumi

alithoba anethoba eminyaka ubudala, xana wayephantse ukuba likhulu leminyaka ubudala, awayelindele phezu kwesithembiso yonke le minyaka. Wabonakala kuyo egameni lika *El Shaddai*, oma "Bele-yena." Kwaye enjani inkuthazo eyayiyiyo, noko isithembiso sasingazalisekiswanga ngoko. Kodwa, "Abraham, NdinguThixo uSomandla, *El Shaddai*, 'onika Amandla, uThixo oMabele.'"

73 Njengoko ndinixelele ngaphambili, njengosana oluncinci olukhathazekileyo, kwaye ligula, kwaye lilila, lize lilale phezu kwebele likanina walo. Lize lincance amandla kuye, ngokuba liyoneliseka ngelixa lincancayo, ngokuba kuphela kwendlela elinayo neliyaziyo libele likanina. Alwazi mlinganiselo wayeza. Wena ungalinika umlinganiselo weyeza, liyakugxwala kwaye likhale. Lihlabe inaliti engalweni, kwaye liyakuqhubeka. Kodwa kuphela kwendlela yokulwanelisa libele likanina.

74 Kwaye Wathi, "Abraham, umdala, amandla akho aphelile, iingalo zakho zishwabene, Ubudoda bakho buphelile, kodwa NdinguNyoko. Bambelela nje kwisithembiso saM, uze waneliseke ngelixa usalindileyo. Phumla!"

75 Ngoku, leyo yindlela lonke ikholwa, akukhathaliseki mbi kangakanani umhlaza onawo, kudala kangakanani uhleli kwisitulo samavili, nayiphi yezo zinto, nje ukuba ungabamba esasityhilelo esisuka kuThixo! Emva koko waneliseke, usazi ukuba izakwenzeka, ngokuba ukholo lulinda ngomonde isithembiso. Yabona?

76 UYobhi wayazi ukuba wayelungile. Xana sifumanisa, apha Ezibhalweni, ukuba kwakukho . . . aba bafo beza kuye; amalungu ebandla lakhe. Yonke into eyakhe yakhangeleka ithandeka kuye yamjikela, baze bazama ukumtyhola ngokuba ngumoni wabucala, ngokuba zonke ezi zinto zazenzekile kuye. Niyabeva abantu, nanamhlanje, besithi, "Bendikuxelele. Jonga kuye! Niyabona into . . . ?" Konke okuya akuyiyo inyaniso. Ngelinye ixesha nguThixo evavanya abantu Bakhe. Kulemeko, yayinguThixo evavanya uYobhi, eyona ndoda ingcono eyayikho emhlabeni ngela xesha. Ngoku, Yena wayembambile ngoko, ngokuba Wayesazi ukuba uYobhi wayengumprofeti owaba nombono ovela kuThixo, wokuba wakwenza ngokuchanekileyo oko uThixo wamxelela akwenze kwaye yena . . . UThixo wayebophelelekile ekugcineni isithembiso Sakhe kuye.

77 Owu! Onke amaKristu afanele abe kokuya. Xana umzamazamo wethu wokugqibela wobomi ufika, kwaye ukukhahlaza kokufa kusemqaleni wethu, kusafuneka sibambelelisile kwaye sikhumbule ukuba uThixo uthe, "Ndiyakunivusa kwakhona ngomhla wokugqibela." Yabona? Kufuneka sibambe okuya—okuya, ubungqina bethu, indawo yethu kuKristu, indawo yethu, into esiyiyo, sisazi ukuba siye saligcina lonke iLizwi lomyalelo Wakhe. "Banoyolo abo

abayenzayo imiyalelo Yakhe ukuze babenelungelo lokungena." Yabona? Kwaye xana sisazi, ukuba nokuba ubani ebetheni, siye sangcina wonke umyalelo esiwubonayo eBhayibhileni, wokuba uThixo usenzele . . . usixelele siyenze, ngentobeko, nothando, nentlonipho kuMdali Owabhala iBhayibhile.

78 Sithi, "Indoda iyibhalile Yona."

79 "Amadoda akudala, eqhutywa nguMoya oyiNgcwele, ayibhala Yona." Yabona? Yabona, uThixo wayibhala Yona ngamadoda. Njengomprofeti ethetha iLizwi Lakhe, asilolizwi lomprofeti, liLizwi likaThixo, yabona, ngomprofeti. Eso sisizathu Ifanele yenzeke, ukuba iyiNyaniso ngenene.

80 Ngoku, sibona lendoda enkulu. Kwaye, khumbulani, uYobhi wayengenaBhayibhile yokufunda ngomhla wakhe. Hayi! Wahamba kuphela ngempefumlelo. Wayengumprofeti lowo iLizwi leNkosi liza kuye. Wayene—wayefanelwe kuphela aphefumlelwe, ngokuba wayeyazi indawo yakhe yokuba wayengumprofeti kaThixo. Ngoku, into ekuphela kwayo efanele yenzeke, yayikukuba impefumlelo imbethe. Kwaye ngoko wayazi into ayithethileyo iyakwenzeka, ngokuba yayingokwempefumlelo.

81 Yilonto liyiyo ibandla, ukuba likulungelelwano (libekwe kulungelelwano), kuphela li . . . linobuxhakaxhaka bulungele, kuphela lidinga amandla ashukumisayo. Ngobu busuku, ukuba siyakufumana ubuxhakaxhaka bulungele, senze iintliziyo zethu zilunge, izinto esinokuzenza, silandele lonke iLizwi, silandele Yena kubhaptizo, silandele Yena kuwo wonke umgaqo Asixelela ukuba siwenze, senze bonke ubuxhakaxhaka bulengele, size sime phaya; ngoko silungele amandla ashukumisayo alumekwe, kwaye kuphela nguThixo onakho ukwenza okuya; kwaye okuya kuwela entliziyweni yakho olwakholo luthi, "Ngoku ndiphilisiwe." Ngoko ayenzi namnye umahluko yeyiphi imeko eyiyo, uphilisiwe nakanjani; kuba lukholo, ngokholo uphilisiwe.

82 Wayenejelo lonxibelelwano kuThixo, awayethe walifumana ngempefumlelo. Wayenendlela yokuzikhupha, aze avumele uThixo angene. Kwaye wayeyazi wayegwetyelwe. Yayisisipho, yayisisipho kubo abantu; hayi ukwenzela uYobhi, kodwa ukwenzela abantu. Yilonto zonke izipho eziNgcwele eziyiyo, ukukhonza abantu bakaThixo ngazo. Wonke umntu akayalelwanga ukuba abengumprofeti. Nonke nina ani . . . aniyalelwanga ukuthandazela abagulayo. Bonke kubo abayalelwanga ukuba ngabelusi, nanjalo njalo. Kodwa lijelo athe uThixo walivulela bona. Kwaye injengokuba sibe nayo ngale ntsasa kwisifundo, sokokuba yena . . . Enye indoda ayinanto yakwenza ngokunxaxhela kwijelo lendoda elandelayo, akukhathaliseki iphefumlelwe kangakanani, ikhangeleka kangakanani, ilunge kangakanani . . . Bebebangaphi

ababesemhlanganweni ngale ntsasa? Masibone isandla senu. Yabona? Yabona, akunakuze.

83 Nankuya uDavide, ephefumlelwe nje njengokuba wayenakho, bonke abantu bekhwaza kwaye bedumisa uThixo, ngesizathu esasikhangeleka isiSibhalo ngqo, kodwa wayengumntu ongenguye. La mpefumlelo yayifanele ize kuNathan, hayi uDavide. Yabona, akazange ambuze kwa ukumbuza uNathan. Niyabona okwenzekayo? Yabona, sine. . . Wathi uThixo Yena "akenzi nto de Yena ayityhilele Yona kubakhonzi Bakhe abaprofeti."

84 Kwaye uYobhi wayengulomprofeti kulomhla. Ngoku, into ekuphela kwayo uThixo ayenzileyo kuYobhi: Oko kwasoloko kumnika ubulumko neLizwi Lakhe nempefumlelo, wayengenakufumana mpefumlelo. Kodwa wabazi bonke ubuxhakaxhaka bakhe (wayenze idini elinyukayo, wayenze yonke into awayekwazi ukuyenza yayilungile), kodwa wayengenakho ukufumana ilizwi kuThixo. Kodwa umtyholi wayengenakho ukumshukumisa! Nantso ke.

85 Ngoku, nantso ke xana uthandazelwe. Akudingeki ukuba ubaleke uye emva ngomgca, okanye wenze omnye ongomnye akuthandazele. Xana usazi wenze kanye ngqo oko uThixo akuxelele ukwenze, yabona, ngoko lindela elajelo lempefumlelo livuleke kuwe, kwaye, "Ngoku ndiphilisiwe!" Xana iwela phaya, emva koko kugqityiwe. Owu, akudingi migca yakuthandazelwa, akukho nto yimbi, igqityiwe! Ibe ityhiliwe kuwe! Yabona?

86 Nje ngomprofeti wakudala ekuzeni kweNkosi uYesu, siyafumanisa yayityhiliwe kuye, isilumko sakudala, okokuba "akayi kubona kufa ade abone uKristu kaNkosi." Kwaye wakukholelwa Oko, waze walindela Kona. Kwaye abantu bacinga wayephambene, indoda endala iphulukene nengqondo yayo. Kodwa wayesayikholelwa Yona! Akukho nto yayinokumshukumisa imsuse kuYo, wayeyazi uThixo uyityhilile Yona kuye, kuba iBhayibhile yathi, "Yayityhiliwe kuye ngaye uMoya oyiNgcwele."

87 USimeon esiza eTempileni ngalamzuzu, waya ngaphaya waza wadumisa uThixo, waze wathi, "Mdulule umkhonzi Wakho ngoxolo." Xana wafunqula olwasana, "Amehlo am alubonile uSindiso Lwakho." Yabona, wayazi wayezakuLubona. Akukhathaliseki zingaphi iintsana awayeyakuzihambela ngamini nganye, wayeyazi uThixo watyhila kuye ukuba wayezakumbona uKristu phambi kokuba afe. USimeon wakukholwa okuya.

88 Ngoku xana ityhiliwe ku*we*, okokuba wena ngokwakho wamnkele isithembiso sikaThixo; impefumlelo, wena ekubeni ungumKristu, iyakubetha, akudingi kwa mgca wokuthandazelwa. Into. . . into ekuphela kwayo oyidingayo yintliziyo evulekileyo xana bonke ubuxhakaxhaka bulungele,

kwaye vumela impefumlelo iwele ngaphakathi, kwaye emva koko akukho nto inokuguqula ingqondo yakho; uyifumene. Ngaphandle kokuya, ayiyi kwenza okulungileyo.

89 Ngoku qaphela, uYobhi wayedinga ijelo lempefumlelo, wabanalo livuliwe. Wayenejelo lokunxibelelana noThixo, ngempefumlelo Yakhe. Wayenendlela yokuzisusa aze avumele iLizwi likaThixo lingene. Qaphela indlela bona—indlela abeza kubuzisa kuye ukusuka eMpuma nokusuka eNtshona, abantu bekhangela yena ngokuba babeyazi ukuba oko uYobhi akutshiloyo yayiyiNyaniso. Babeyazi ukuba la ndoda yaxela iNyaniso. Ngokuba, oko yakuprofetayo, koko kwenzekayo! Kwaye ke abantu beza ukusuka eMpuma naseNtshona.

90 Wathi ebeyakuya ezindaweni zokuthengisa, iinkosana ezisentsha ezisuka eMpuma beziya kuqubuda phambi kwakhe, nje ukuva ilizwi libe linye lentuthuzelo elisuka kuye, ubulumko bakhe obukhulu nobunamandla, kuba babeyazi indoda yayinyanisekile. Wayengafuni kuziqhayisa, wayengenakuzigwagisa, engenanto ayijongileyo, wayengumprofeti nje othembekileyo phambi koThixo. Kwaye babethembele kuye, kwaye wonke umntu wayesuka eMpuma naseNtshona nje ukuza kuthetha naye ethubeni. Kwathethwa ngaye, eBhayibhilehi apha. Kodwa, niyabona, wayengenampefumlelo yokumxelela okokuba konke oku kwakumalunga nantoni. UThixo wayiyeka yenzeka, akazange amxelele.

91 Emva koko, ngenye imini, sifumanisa ukuba kokuya, eliya lixesha eli . . . Wonke umntu, okoko nje ninokubanceda, "Konke kulungile." Kodwa xana befuna ukungavumelani nani, phaya kuxa ingxaki ingenayo. Kodwa yena yedwa wayazi wayelungisile; ukubetha kwentliziyo yakhe yokholo, yokuva iLizwi likaThixo lithetha naye, walazi Lona laliyiNyaniso. Ewe, mhlekazi! Walazi iLizwi likaThixo. Akukho mntu wayenokumqhatha kuLo, kuba walazi Lona. Lona . . . Kodwa nanini ni . . . into ethile ityhiliwe kuwe, mhlawumbi ngokuchasene noko abantu bakucingayo . . . Ngoku, ndithetha kumgca wabaprofeti. Xana inguThixo otyhila into ethile, ntoleyo, ukuba kwakhe kwakho imfihlo iphuma kuThixo yokwenziwa yaziwe ebantwini, ayisokuze ize ngesikolo sakwalizwi, ayisokuze ize ngeqela labantu, ayizange iyenze. Iyakusoloko iyenza, iyenzile, kwaye iyakuyenza, ngomntu omnye, umprofeti! U-Amos i-3:7, yabona, "INkosi ayenzi nto ngaphandleni kuqala Iyityhile Yona ngabaprofeti Bayo."

92 Kwaye, ngoku, uYobhi wayenento engalunganga ngaye, kodwa wayengenakho ukufumana impefumlelo kuye, kwaye yayimkhathaza, kwaye okuya . . . xana ungena kolwahlobo lwengxaki, kuxa utshaba lungena kuso sonke isihlobo, phantse, ufumane. Kwaye baqalisa ukumbeka ityala. Owu, ifanele ukuba yayiyinto embi kakhulu kuye ukwazi ukuba

izihlobo zakhe zambeka ityala, USathana ngoko uyaya aze azibandakanye kunye notshaba. Phaya kuxa uSathana engena, "Mandimfumane, kwaye ndiyakumenza akuqalekise Wena koBakho . . . Ndiyakumenza aphike uMyalezo wakhe. Ndiyakumenza akuqalekise Wena. Ndiyakumenza abuyele emva aze athi 'Yonke yayingalunganga.'" Ngoko wamzama ngayo yoke into anokuba nakho, kuwo wonke amadoda abalulekileyo kunye nezihlobo zakhe awayeqhele ukuba nazo. Kodwa uYobhi wama bhungxe, kuba wayesazi ukuba wayelivile iZwi likaThixo!

93 Owu Thixo, nceda, ngomso ebusuku, okokuba ndingafumana okuya *Amphiko EHobe*. Ndilivile iZwi likaThixo elitsho into ethile, kwaye izakwenzeka ngala ndlela! Nje njengoko ezi zingezinye izinto zenzekileyo, izakwenzeka!

94 Ngoku, uYobhi wayeyazi izakwenzeka. Kwaye wayesazi ukuba uThixo uye wamxelela yena okuya, ukuba waye "gqibelele." Kodwa bamenza umoni, ke walinda ngoko elindele impefumlelo. USathana engena kubo bonke a—abantu kwaye weza e . . . abathuthuzeli bakhe, abo kuthiwa ngabo, kwaye bembeka ityala, kodwa ayizange imshukumise nakancinci. Kodwa xana iLizwi likaThixo langqinelwayo kuye . . . Wayevile kuThixo ngokuva kwendlebe, kodwa ngenye imini ehleli phandle kweyona ndawo yakhe iphantsi . . . Kwaye ngelixa wayehleli phaya, kwaye wonke umntu embeka ityala, kwa nomfazi wakhe emxelela ukuba waye "engalungisanga," wayekhuhla amathumba akhe. Kwaye u-Elihu wehla weza waza wamohlwaya ngokuzicingela, malunga nendlela awayebeka ityala ngayo uThixo kunye nanjalo njalo.

95 Kwaze emva koko ngelaxesha kwaba xana impefumlelo yambethayo yena, kuxana umbane waqalisa ukudanyaza, iindudumo zaqalisa ukugquma, phaya kuxa impefumelelo ibetha umprofethi, kwaye waphakama, waza wathi, "Ndiyamazi uMhlawuleli wam uhleli! Kwaye ngomhla wokugqibela Uyakuma phezu kwalo mhlaba. Nokuba iimpethu zingawonakalisa umzimba wam, noko enyameni yam ndiyakumbona uThixo, Lowo ndiyakumbona ngokwam."

96 Wabona . . . Wayethetha malunga nemithi, ubomi bezityalo, indlela ethi ife ngayo kwaye iphile kwakhona; amanzi ayawubuyisela emva kwakhona, ivumba lamanzi, ukunuka kwamanzi, iziphumo zamanzi egaleleka phezu komthi okanye into ethile, imbewu eyangena emhlabeni. Wathi, "Kodwa umntu uyalala phantsi aze aphume umoya, abantwana bakhe bayeza kumnika imbeko aze angayiboni. Owu akwaba Wena ungandifihla engcwabeni" (UYobhi i-14) "de umsindo Wakho ugqithe." Wathi, "Kodwa ukuba umntu uyafa, ingaba uyakuphila na kwakhona? Lonke ixesha ondibekele lona ebomini bam, ndiyakulinda de ukuguqulwa kwam kufike. Wena uyakundibiza, kwaye ndiyakusabela. Wena undibekele umda endingenakuwutsiba," nanjalo njalo. Wayesazi zonke ezi zinto.

Waqaphela umthi uphila, kodwa kwenzeke ntoni kumntu xana esifa? Akakhange avuke kwakhona. Ke, uThixo wayembonisa loMhlawuleli.

97 Wayefuna ukubona ukuba kukho umntu othile onokumngxengxezela. Wayengxengxezele abaninzi abantu, kodwa ngoku ingaba ukhona othile onokumthethelela? Ingaba ukhona umntu onokubeka isandla sakhe kuYobhi, okanye kumntu ongumoni kunye noThixo oyiNgcwele, aze ahlanganise indlela? Angaya na endlwini Yakhe aze ankqonkqoze emnyango? Ingaba Uyakuvula umnyango aze athethe naye okwethutyana?

98 Kodwa, ngoko, xana impefumlelo yawela entliziyweni yakhe, emva koko wabanakho ukumbona uThixo. Umbane uyadanyaza, indudumo iyagqekreza. Kwaye xana yakwenzayo, wema ngeenyawo zakhe, waze wathi, "Ndiyayazi uMhlawuleli wam uhleli! UMhlawuleli wam, kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma emhlabeni." Yabona, wayeqalisile ukubona intshukumo kaThixo kukholo lwakhe.

99 Ngoku, siyamangala ukuba singambona uThixo. Ingaba ikhona indlela esinokumbona ngaYo? Ngoku, yayikukuphela kwendlela uThixo wayenayo, ukuvavanya uYobhi. Wathi, "Ndivile ngaWe, ngokuva kwendlebe, kodwa ngoku ndiyakubona Wena. Kodwa ngoku ndiyakubona Wena, ngamehlo am." Umbono wokungabonakaliyo kwenziwe kwacaca. Wabona ilifu liqengqeleka, weva ukudanyaza kombane, okanye wakubona. Kwaye wabona ukuqengqeleka kwendudumo, mhlawumbi kwimini ecacileyo, kwaye wabona uThixo wayekwelalifu nakulambane. Wayenakho ukumbona uThixo, ngamehlo akhe endalo. Yabona, ngokuba okungabonakaliyo kwakwenziwe kwabonakala. Umbono obanakalayo wabanye wangqinelwa ngelo xesha, wacaca, emehlweni endalo.

100 Nje ngokufana nokholo olunemisebenzi, njengoko besithethile kubusuku obugqithileyo. U-Abraham, hayi . . . wayengenaBhayibhile yokufunda, kodwa wayengumprofeti, umbono wakhe kunye nokholo lwakhe. Kwaye yakhangeleka ngokungalunganga kwabanye ukuba unokucinga ngala ndlela, yokuba angacinga babezakuba nosana. Kodwa babanalo usana, ngokuba umbono wakhe ngosana yayikoko awayethetha malunga nako, "Ndizakuba nalo! Ndizakuba nalo!" Kodwa xana usana lazalwayo, ngoko abanye abantu babanakho ukubona ngamehlo oko wakubonayo ngombono. Kwaye xana uza kwenza koko ukukholelwa yo entliziyweni yakho, ngoko abantu bayamazi uThixo, kwaye bayakwazi okwenzekayo kuwe, ngendlela owenza ngayo. Leyo yindlela ombona ngayo uThixo ngeliso. Kodwa kuye, konke awayekwenzile kwakulungile, konke awayekwenzele abanye, wayedinga umntu onokumngxengxezela. Xana uzalo losana lwafikayo, u-Isake, i—impefumlelo eyamkhokelela koku yangqinela umbono

wakhe apho abantu babanakho ukubona oko awayekubonile embonweni eneneni kwakuyiNyaniso.

101 Ngoku, ngamanye amaxesha oku kungongoza kokholo kuza kanye ngexesha lengxubakaxaka. Isoloko ilixesha lengxubakaxaka elisiqhubela koku. Yayiyingxubakaxaka eyaqhubela uYobhi kuyo. Ngokuba, wayesekupheleni kobomi bakhe. Abantwana bakhe babefile; iinkamela zakhe. Kwaye zonke iimpahla zakhe zaziphelile zitshatyalalisiwe. Kwaye ubomi obubobakhe, wayephunyelwe ukusuka kwisithsaba sentloko yakhe ukuya entendeni yeenyawo zakhe ngamathumba. Yayiyingxubakaxaka, awathi wazicinezela kulo, phaya kulapho impefumlelo yambetha khona.

102 Owu madoda nabafazi, ngobu busuku, ukuba ningabhekabheka nize nibone indlela esisondele ngayo eKubuyeni kweNkosi. Nina balubekela ecaleni ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Ningaba noyame phezu kwemvakalelo ethile, okanye into ethile enithe nayenze anokuthi uSathana ayilinganise, kwaye aninakho ukuba nowenene uMoya kuni wokuhamba yonke indlela kwizithembiso zikaThixo. Ingathini indoda ebanga ukuba noMoya oyiNgcwele iphike nelinye iLizwi laleBhayibhile, ekubeni, "alilunganga"? Akunakuyenza lonto!

103 Akukhathaliseki ningabenkolo kangakanani, zingaphi iicawa eningabazo, zingaphi iincwadi amagama enu akuzo, ukuba la Moya oyiNgcwele wenene ukuni (ntoleyo ileli Lizwi libonakalisiwe), niyakuwubona uMyalezo kunye neyure, ngokuba nguMoya oyiNgcwele oyenzayo. Kodwa kufanele kubekho into ethile entumeka okuya, impefumlelo iyakubetha. Kwaye ukuba kukho . . . ukuba ugalela amanzi emhlabeni, emhlabeni, emhlabeni, kwaye akukho mbewu phakathi phaya yokubetha yona, ungathini wona ukuvelisa nantoni? Akukho nto phaya yokuveliswa. Oko kukuthi, kuphela ngabaNyuliweyo bakaThixo abayakuWubona.

104 Abanyulwa bakaThixo baWubona ngexesha likaNowa, ngexesha likaMoses, ngexesha likaYesu, ngexesha labapostile, ngexesha likaLuther, ngexesha likaWesley, ngexesha lePentekoste, ngokuba okuya yayiyiMbewu eyayisemhlabeni xana impefumlelo yagalelwa. Ngoku ngelithuba impefumlelo yagalelwayo, ukuhlanganisa uMtshakazi kunye, kuphela ngabo abaNyuliwe abayakuWubona. UYesu wathi, "Ndibulela Wena, Bawo, ngokuba Wena wazifihla ezi zinto emehlweni ezilumko nengqondi, waza wazityhila Zona kwiintsana eziya kufunda." Ngoku, impefumlelo ifanele iyibethe.

105 Ngoku, xana impefumlelo yambethayo, oko kwayenza. Wayenayo Yona ngoko! Ngoku, sifumanisa, kufika ixesha lezi ngxubakaxaka xana ukucinezelela kuqhubeka kanye. Kwaye uyabhekabheka namhlanje, ujonge kwimeko esiphila kuyo. Asiphili na kwiSodom neGomora yalemihla? Alibuyelanga emva

na ihlabathi? Elo yayilihlabathi leNtlanga elatshatyalaliswayo ngoko, ngomlilo. Akatshongo na uYesu, kuNgcwele uLuka, isahluko se-17, kowama-28, ama-29 nowama-30 umqolo, ukuba, "Njengoko kwakunjalo ngemihla yaseSodom, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu, xana uNyana womntu etyhilwa"? Yintoni uku "tyhilwa"? Yimfihlelo yazisiwe, isityhilelo; kukutyhila okanye ukwazisa imfihlo.

106 Ngoku, ezi zinto ebezifihliwe konke ngazo izigaba zamabandla ngoku ziyatyhileka, ziyaziswa. Ngoku, singatsho oko, kwaye ukuba uThixo akakhange akungqinele okuya, okuya akulunganga. Yabona, uThixo akadingi nabani atolike iLizwi Lakhe, unguMtoliki weLizwi Lakhe Yena. Wathi, "Intombi iyakukhawula," kwaye yakwenza. Wathi, "Makubekho ukukhanya," kwaye kwabakhona. Kwaye asiphili kwisigaba sikaLuther, isigaba sikaWesley, okanye isigaba sePentekoste. Isigaba sePentekoste kuphela yayikubuyisela izipho zibuyele ebandleni, kodwa siphila kwixesha langokuhlwa, siphila kwixesha lokubizwa kukhutshwe uMtshakazi.

107 Kwaye kwanjengokuba kwakunzima kumaKatolika ukubona uLuther, nakumaLuther ukubona uWesley, nakwiPenteko-. . . amaWesley ukubona isigaba sePentekoste, kunjalo ukubanzima kumaPentekoste ukubona *esi* sigaba. Isoloko ingalandlela, ngokuba Wona ungalelwa phezu kweMbewu eNyuliweyo, kwaye kuphela leya. Oko koko iBhayibhile ikufundisayo. Abanakuwubona Wona, uYesu wabathandazela kwa nokubathandazela bona, wathi, "Babemfamekile, babengayazi." Isityhilelo sisixelela, kwisigaba sebandla laseLawudike, xana Wayekhutshelwe ngaphandle kwebandla, ukuba "baze! ngamahlwempu! balusizi! zimfama! kwaye abayazi lonto." Emva kwakhona, abanakho ukuWubona, abanakho ukuWuqonda. Bachwechwele kakhulu kwizithethe!

108 Kodwa khumbulani iLizwi elithenjisiweyo likaThixo ngomlomo kaYesu Kristu, kwa loo Thixo owathetha indalo yabakho, Waye enguLowo phambi kokusekwa kwehlabathi owathetha aMazwi, "Kwaye makubekho," kwaye kwabakho. Kuba Wathi, "Waye esehlabathini, kwaye ihlabathi lenziwa nguYe, kwaye ihlabathi alizange lamazi Yena. Kodwa bonke abamaziyo Yena, bona Wabanika igunya lokuba babe ngoonyana bakaThixo." Kwa yena uMdali, kwaye kwayena uMdali Ngokwakhe, xana Wavusa uLazaro ekufeni, Wathi, "Sanukucinga oko njengokungaqhelekanga, kuba iyure iyeza yokuba xana bonke abasengcwabeni bayakuliva iZwi loNyana womntu, kwaye bayakuphuma." Kwa lo Thixo owathi, "Makubekho ukuKhanya," wathi "IZwi loNyana womntu liyakuvusa abo abasengcwabeni." Ifanele yenzeke kwixesha layo. Wathetha, "Makubekho iduna nethokazi," kunye nanjalo njalo, kwaye konke oku, iminyaka namakhulu yeminyaka phambi kokuba yenzeke.

109 Impefumlelo yabetha umprofeti u-Isaya, wathi, “Sizalelwe umntwana, sinikwe unyana. IGama Lakhe liyakubizwa ngokuba nguMcebisi, uMthetheli woXolo, uThixo Oligorha, uBawo wanaphakade.” Iminyaka yagqitha, iinyanga, iminyaka, iintsuku, iiveki, iminyaka yaqengqeleka, amakhulu eminyaka yaqengqeleka. Amakhulu asibhozo eminyaka kamva, u-Imanuweli wazalwa yintombi! Ngokuba? Kungokuba yathethwa ngemilebe yothanjiswe nguThixo umprofeti, imbewu yaphuma. Yabona? “Kwaye la yure inkulu,” wathi, “niyakufuna . . . nicele umbono okanye umqondiso kuM.”

110 Kwaye, “Ndiyakubanika umqondiso, umqondiso wanaphakade, ‘Intombi iyakumitha,’ umqondiso wanaphakade.”

111 Ngoku, sifumanisa ukuba kwezo yure zocinezelelo lwenene, kuvamise ukuba kube kuxana uMoya kaThixo ungena. Wayeka abantwana bamaHebhere baye ngqo kwiziko elivuthayo, ngaphambi kokuba Yena wakhe washukumisa isandla. Kodwa xana Washukumayo, Washukuma.

112 Ngoku, siyaqaphela apha kuLuka, isahluko se-17, kunye nomqolo wama-30, ukuba Wathi, “Kwimihla yokugqibela, yokuba uNyana womntu Uyakuzityhila njengoko Wenzayo phambi kweSodom neGomora, kwaye kwa iimeko ezinye ziyakubakho.” Wachaza malunga noMoses, malunga . . . kwaye ndicela uxolo, hayi malunga noMoses, kodwa uNowa. Indlela abathi abantu aba “besitya, besela, nanjalo njalo, betshata kwaye betshatisa.” Ngoko Wabuya, Wathi, “Ngoku, njengoko kwakunjalo ngemihla kaLote, kobanjalo ngexesha xana uNyana womntu etyhileka.” Ngoku, qaphela, uNyana womntu watyhileka kwiqela lika Abraham, njengeNdoda, umProfeti kwimo yomntu enyameni, iNdoda eqhelekileyo inothuli empahleni Yayo, kwaye u-Abraham wayibiza Yona “Elohim.”

113 Ngoku, uYesu uthembisa apha ukuba kwimihla yokugqibela uNyana womntu uyakutyhileka kwakhona kwela hlobo leqela elikwalinye, iMbewu ka Abraham yasebukhosini, nje phambi kokuba umlilo uwe. Khumbulani, ibandla zange lamnkela mangqina wambi kwakhona, u-Abraham kunye nabo abazange, unyana wesithembiso ababejonge yena waziswa kanye ngoko emveni kokuya. Kwaye ibandla lijonge uNyana weSithembiso, Uyakuza kanye emva kwemihla yolu lungiselelo, Uyakutyhileka esuka emazulwini. Ngoku, siyayibona ngokucace kakhulu, ifanele ibe njalo. Ngoku, into ekuphela kwayo phaya efanele ibe yiyo yinto engongozayo, ingena emntwini, UThixo angqine kwaye ayixelele kwaye ayibonise ukuba oko yinto ezakwenzeka; kwaye uzaku . . .

114 NjengoMoses wenzayo, wayengafuni kubakhupha abo bantwana, kodwa uThixo wathetha kuye etyholweni elivuthayo.

Wayengafuni ukuya, kodwa kwafuneka aye. UMoses wayevile ngaYe ekubeni nguYehova omkhulu. Kodwa ngoko wabanakho ukumbona Yena, Wayekwimo yeNtsika yoMlilo. "Ndivile ngaWe, kodwa ngoku ndiyakubona Wena." Yintoni Awabonwa kuyo? ILizwi Lakhe lingqinelwe.

115 UThixo waxelela u-Abraham ukuba "abantu bakhe bayakuphambukela kumhlaba wasemzini iminyaka engamakhulu amane, kodwa Uyakubakhupha ngesandla esithe nkqi."

116 Kwaye, qaphela, eli tyholo livuthayo lanika ubungqina boko umprofeti u-Abraham wayekutshilo ukuba kuyakwenzeka. UMoses wathi, "Ndivile ngayo, kodwa ngoku ndiyayibona!"

117 Ngoku, *si*vile ukuba kwimihla yokugqibela uNyana womntu uyakuza phakathi kwabantu Bakhe aze Azityhile ebantwini ngohlobo ngendlela ekwanye awathi Wayenza eku . . . nje phambi kokutshatyalaliswa kweSodom. UNyana womntu, yintoni Awayenzayo? Wazazi iimfihlelo ezazisentliziyweni kaSarah. Kananjalo wanikeza isithembiso ku Abraham. U-Abraham wayelivile iZwi likaThixo, kungaba wambona Yena kwiindlela ezininzi ezahlukeneyo (Andiyazi indlela Awathetha ngayo kuye, ngamaphupha okanye ngeziprofeto), kodwa ngeli xesha wambona Yena. "Ndivile ngaWe, ngoku ndiyakubona Wena."

118 Kwaye ibandla livile ngoThixo, bafundile ngaYe, kunye noko Wakwenzayo, kunye nezithembiso Awazenzayo, kodwa ngoku simbona Yena ngamehlo ethu (nje ngokufanayo uYobhi wenzayo), "Ndivile ngaWe, kodwa ngoku ndiyakubona Wena." Bethu! onjani umahluko.

119 UMoses, kulangxubakaxaka, wakhala. Kwaye siyafumanisa, kwi Eksodus, isahluko se-14, nese-13 kunye nokuya kumqolo we-16, UMoses kobuya bunzima obukhulu phaya kunye nabantwana bakaSirayeli, impefumlelo yambetha, waza watsho oko wayefanele ukukutsho, engazi ukuba wakutsho. Yabona, "Yimani nize nilubone usindiso lukaThixo." UThixo wayengekathethi kuye ngoko. Yabona, impefumlelo yambetha.

120 Bathi, "Kutheni usikhuphile wasizisa apha? Besifanele sifele eYiphutha. Ingaba kungokuba bekungekho mangcwaba ezantsi phaya? Usizise apha, uze usiyeke sife; ngesihleli ngoxolo njengamakhoboka side sife, kodwa usikhuphe wasizisa apha."

121 UMoses, umprofeti, esazi uyafikelela kuThixo, wayephembelelekile, waze wathi, "Yimani kwaye niyakulubona usindiso lukaThixo; kuba lamaYiphutha niwajongileyo namhlanje, anisokuze niwabone kwakhona." Wayazi njani ukuba izakwenzeka? Wayazi njani? Wayengayazi into awayithethayo.

122 Kodwa kwamsinyane emveni kokuba wayithethayo, uThixo wamxelela indlela yokuyenza. Wathi, "Moses, musa ukukhala kuM, thabatha intonga yakho esandleni sakho uze uyolulele

phezu kolwandle, uze uxelele abantwana bakaSirayeli ba ‘Hambe!’” Amen!

123 Impefumlelo! Leyo yindlela ekubetha ngayo ukuba uyagula. Leyo yindlela ekubetha ngayo ukuba uxhwalekile. Into ethile ityhiliwe kuwe, kwaye uyabona ukuba ibe ityhilekile, uyathetha, “Ndiphilisiwe!”

124 Ngoko uThixo ukuxelele omawukwenze, “Phakama uze uqalise ukuhamba.” Amen! Ngoko ipheleli, xana unakho ukuyenza ngala ndlela. Leyo yindlela uThixo ayenza ngayo, ngoko ubona uThixo ezibonakalisa ngawe.

125 YayinguThixo owamxelela ayenze. Ngoku, ngoko, konke okwakukhona, wonke uSirayeli owayekhona wabona impefumlelo eyabetha uMoses. Bambona uThixo, ngamehlo angawabo, evuthelela ngasemva amanzi ukususka kwicala ukuya kwelinye. Kwaye la Ntsika yoMlilo yabakholela ngqo ukunqumla u—ulwandle. Weva ngoThixo, emva koko bambona uThixo.

126 UYoshuwa wayekwiyure yengxubakaxaka, xana imikhosi yayichithachithiwe, kwaye ilanga lalitshona. UYoshuwa wayengumprofeti, kwaye wayazi ukuba lomikhosi ikhe yanethuba lokumanyana kwakhona kwaye ize ngokuchasene naye, wayeyakuphulukana namadoda angaphezulu, ke kula yure yengxubakaxaka xana into ethile ifanele yenziwe. . . Inye kuphela into, ukuba wayenokuyigcina ibaleka, wayeyakuyichithachitha, yonke nganye, ezantsi. Kodwa kwakungekho kukhanya kwanaleyo kokuyenza lonto, ke uYoshuwa wema, waphakamisa izandla zakhe, wathi, “Langa, yima ngxi! Kwaye nyanga, jinga phezu kwe Ajalon de ndigqibe ngolu dabi.” Kwaye ilanga lema ngxi. Bamva uYoshuwa ethetha, kwaye ngoko bambona uThixo, ngamehlo angawabo, esebenza. INyaniso!

127 Yabona, kakade, yayingumnqa ukubona into ethile ekhangeleka ingenakwenzeka, noko yinyaniso. Kodwa, “Ilanga lema ngxi,” itsho iBhayibhile. Andiyazi nina bantu yintoni eniyicingayo, enicinga okokuba ihlabathi lalibaleka, ngoku; kodwa, nakanjani, “ilanga lema ngxi.” Mhlawumbi uYoshuwa akazange azame ukuqikelela indlela awayezaku—kuyenza ngayo, indlela uThixo awayezakuyenza ngayo, into ekuphela kwayo awayitshoyo, “Langa yima ngxi!” Wayitsho, mhlawumbi engazi oko wayekutsho, ngokuba yayinguThixo awayinikezayo kuye, kwaye Wasebenza.

128 Into ekwanye kuMarko 11:23, “Ukuba nithi kule ntaba, ‘funquka,’ kwaye ningathandabuzi entliziyweni yenu, kodwa nikholwe ukuba oko nikuthethileyo kuyakwenzeka, ninganako oko nisukuba nikuthethile.” Kodwa akunakuma phaya uphuthaphuthe engcingeni yakho uze uyitsho, ufanele uphefumlelwe ukuyitsho. Amen!

129 Uxolo ngentetho; kodwa la mhla, ehleli phaya kwelatyholo (kwaye uThixo nguMgwebi wam, kwaye ndingawa ndife kule pulpiti), xana esaSibhalo sindididile bonke ubomi bam... ndihleli phaya ngala ntsasa ematyholweni, kwaye ndandicinga kokuya, laza ela Zwi lathetha kum, Wathi, "Esa Sibhalo sifana nazo zonke iZibhalo, Sinyanisile."

130 Ndaza ndacinga, "Ke, ingaba njalo njani?"

131 Waze Wathi, "Wena u..." Ndathi... Wathi, "Thetha, kwaye iyakuba ngala ndlela. Musa ukuYithandabuza."

132 Kwaye bendithetha kuMntu othile, ehleli kude phandle ematyholweni. Kungekho bonomatse, besiphaya iintsuku ezintathu, akukho bonomatse phaya. Kwaye ndandihleli kwityholo lomthombe. Oonomatse abezi...nabani ozingela oonamatse, uyazi abekho kumthombe. Kwaye ndandihleli phaya; waye umoya ubhudla ngamandla ngenene, malunga nentsimbi yeshumi kusasa, kwaye ndandicinga kwakhona.

133 Laza Lathi, "Uyazingela, kwaye udinga oonomatse nje ngokufanayo njengoko u-Abraham wayedinga inkunzi yegusha."

134 Ndacinga, "Oko kwasoloko kundixelela iNyaniso, kodwa oku kukhangeleka ngokungaqhelekanga." Ndaze ndaphakama ukusuka apho ndandihleli khona, ndabhekabheka, "Uphi la Mntu ebethetha nam?" Akukho nto; umoya nje ubhudla ngamandla. Ndaza ndacinga, "Ingaba ndikhe ndalala ndaza ndaphupha okuya? Hayi, ndandingalelanga. Ndandihleli ndoyame umthi phaya, ndibukele, ndifanele ndandithabathe uMzalwana uWood kunye noMzalwana uSothmann emva phaya, nje kancinane, malunga nentsimbi yeshumi kusasa. Amafama phandle phaya esebenza, ehlanganisa umbona wawo."

135 Ndaza ndaLiva kwakhona, lathi, "Uyazingela, kwaye udinga isilwanyana. Zingaphi ozindingayo?"

136 Kwaye ndacinga, "Ngoku, andifuni kukubaxa oku, ndizakucela nje babe bathathu, oonomatse abathathu. Ndifuna abasebatsha, ababomvu oonamatse abathathu. Ndiyabafuna."

137 Wathi, "Ngoko thetha malunga nayo."

138 Ndaza ndathi, "Ndizakufumana abasebatsha abathathu ababomvu oonomatse."

139 Wathi, "Yeyiphi indlela abayakuza ngayo?"

140 "Ke," ndacinga, "ndihambe kangaka, kukho Into ethile ethetha nam apha." Nje ngokufana njengoko nindiva ndithetha. Kwaye uThixo eZulwini, kunye nale Bhayibhile phezu kwentliziyo yam, uyayazi ukuba oko yinyaniso. Kwaye Wathi...Ndaza ndathi, "Kulungile,..." Ndachonga indawo eyintlekisa, esidala esomileyo isiqobo sijinga phandle phaya (malunga neeyadi ezingamashumi amahlanu, apho umpu wam wawudubule khona).

141 Ndathi, “Owokuqala uyakuba kanye phaya,” kwaye nankuya wawukho.

142 Ndahlikihla amehlo am ndaza ndajonga ngasemva (ndajika intloko yam), ndaza ndacinga, “Andifuni kudubula umbono.” Ke ndabhekabheka kwakhona, kwaye nakuya kuhleli unomatse. Ndagibisela ikhohlombe kumpu wam, ndajolisa, kwaye ndandinakho ukubona imehlo elimnyama, osemntsha obumvu unomatse. Ndacinga, “Ndi—ndi . . . mhlawumbi ndilele, ndi—ndiyakuvuka kwimizuzu embalwa. Yabona, ndiyaphupha malunga noku.” Ke, ndajolisa, ndadubula unomatse kwaye wawa esebeni. Ndacinga, “Kulungile, andiyazi.” Ndacinga, “Ke, ndingaya na ngaphaya ndize ndimkhangele?” Kwaye—kwaye ndaya ngaphaya, kwaye nankuya wayelele. Ndamchola kwaye igazi liphuma. Umbono awophi, niyayazi. Ke ndamchola, kwaye yayingunomatse. Ndaba ndindisholo ngenene, ndonke.

143 Kwaye ndabhekabheka, ndathi, “Thixo, lowo ibinguWe!” Ndathi, “Enkosi kuWe, ngako oku. Ngoku ndiyakuhamba kwaye . . . ”

144 Wathi, “Kodwa ubu*the*! Ingaba uyakuthandabuza oko ubukutshilo? Ubuthe uyakufumana ‘abathathu.’ Ngoku uyakuvelaphi olandelayo?”

145 Ndacinga, “Kulungile, ukuba ndiyaphupha, ndizakuqhubeka.”

146 Ke nda—ndathi . . . ndachola ipali endala ngaphaya, yomthi eyayibhijelwe yonke ngako oku apha isityalo esithandelayo setyhefu. Akunakuze ufumane unomatse kokuya. Ke ndathi, “Olandelayo uyakuphuma kanye kwesasityalo esithandelayo setyhefu,” kwaye nakuya kuhleli lowa usemtsha ubumvu unomatse ejonge kanye kum. Ndalungisa umpu wam, ndahlikihla amehlo am. Ndabhekabheka, ndacinga . . . Nankuya ehleli, wajikajika intloko yakhe. Ndadubula unomatse, kwaze emva koko ndaqalisa ukugoduka.

147 Kodwa wathi, “Ubuthe ‘isithathu’! Ingaba uyakuthandabuza oko ukutshiloyo?”

148 Ndathi, “Hayi, Nkosi, andikuthandabuzi oko ndikutshiloyo, kuba Wena uyaqinisekisa.”

Esi siSibhalo esinye esindididileyo: “Hayi ukuba *Ndi*thi, kodwa ukuba *wena* uthi.” Hayi ukuba *uYesu* uyitshilo, kodwa ukuba uyitshilo *wena* ngokwakho.

149 Ndaza ndacinga, “Ngandlela ithile ndingene kwela jelo, kwaye ndiyayazi Yena ulapha ngokuba ndiphantse ukuziva ndingendim.” Ndacinga, “Ndiyakwenza lena ibeyintlekisa, ngokuqinisekileyo ngokwaneleyo.”

Ndathi, “Kuyakubakho unomatse obumvu esehla *kula* nduli, aze kanye ezantsi *ngale* ndlela, kwaye kanye ngakum, aze aphume, aze ahlale *kwela* sebe, kwaye ajonge ezantsi phaya

kula mfama." Naku esehla esiza endulini, waphuma kanye, waza wahlala, wajonga kumfama. Kwaye ndamdubula.

150 USathana wathi kum, "Uyayazi intoni? Amatyholo azele ngabo, ngoku." Kwaye ndahlala phaya de yaba yintsimbi yeshumi elinambini, kwaye akwenzeka nto yimbi. Iya ekuboniseni ukuba xana uThixo . . . Ungoyena Mdali wamaZulu nomhlaba!

151 Bephulaphule, eJeffersonville ngoku, kukho usapho olubizwa uWright. UMzalwana uWood nam sehla saya kulibona. Benzela ibandla iwayini yomthendeleko. U-Edith omncinci wayehleli phaya egumbini; intombi encinci ekhubazeke amalungu omzimba, eyabe igula bonke ubomi bayo, kwaye ke sasisoloko sijonge uThixo ukuba ayiphilise. Udade wayo, umhlolokazi, umyeni wakhe wabulawa; igama lakhe lalinguHattie, othobeke kakhulu umfazi omncinci. Kwaye ngelixa uMzalwana uBanks nam saphumayo ukuya kumfumanela umvundla, babepheke enkulu ipayi yeziqhamo; kwaye bandihlalisa phantsi ukuba nditye.

152 Sonke sasihleli etafileni, sasithetha malunga noku, yayisandula kwenzeka kwiintsuku ezimbalwa ngaphambili. Kwaye ngelixa sihleli etafileni, sithetha malunga noku, konke ngaxeshanye ndathi, "Yintoni eyayinokuba yenzeka?" Ndathi, "Mzalwana uWright, uyindonda endala, uye wazingela oonomatse bonke ubomi bakho. Mzalwana uShelby, unguchwephetsha womzingeli woonomatse. Mzalwana uWood, nawe unjalo. Ndibazingele kusukela ebuntwaneni. Ingaba nakhe nabona unomatse kumthi womthombe kunye nehlathi leenkumbi?"

153 "Hayi, mhlekazi."

154 Ndathi, "Babengekho nje phaya." Ndathi, "Into ekuphela kwayo endiyaziyo, IkwanguThixo nje okwamnye. Xana u-Abraham wayefuna inkunzi yegusha, Wayengu*Jehovah-jireh*, Wayenakho 'ukuzibonelela Yena.'" Ndathi, "Ndiyakholwa iyinto ekwanye."

155 Kwaye omdala omcinci uHattie ehleli emva phaya, wathi, "Mzalwana uBranham oko asinto kodwa yiNyaniso!"

156 Watsho into elungileyo! Xana wakutshoyo oko, uMoya oyiNgcwele wehlela kwelo jelo kwakhona, wonke ubani wabo wawuva Wona ngokuvakalelwa. Ndaphakama, ndathi, "Dade uHattie, ITSHO INKOSI, uthethe into elungileyo njengomfazi womSirofenikikazi watshoyo. UMoya oyiNgcwele uyathetha kum ngoku, kwaye uthe mandikunike umnqweno wentliziyo yakho." Ndathi, "Ngoku, ukuba ndisisicaka sikaThixo, ukuba kunjalo, iyakwenzeka. Ukuba andisosicaka sikaThixo, ngoko ndilixoki, kwaye ayisayi kwenzeka, ndingumkhohlisi." Ndathi, "Ngoku ndivavanye uze ubone, nguMoya kaThixo okanye hayi."

157 Wathi, “Mzalwana uBranham,” (wonke umntu wayelila), wathi, “yintoni endiyakuyicela?”

158 Ndathi, “Unodade okhubazeke ngomzimba ehleli phaya.”

159 Ndandineedola ezingamashumi amabini epokothweni yam, zokuba ndimnike, awathi wayibeka ekuqokelelweni kwemali. Umfazi akenzi ngeniso yamalunga needola ezingamakhulu amabini ngonyaka, kuleyo incinci, indala ifama elusizi, yena namakhwenkwe amabini. Amakhwenkwe akhe afikelela ekubeni ngabaqhelekileyo ‘ooRicky,’ iintsuku zesikolo, uyazi, kwaye bathethe ngokungenasimilo kumama wabo; kunye neshumi elinesihlanu, elinesithandathu leminyaka ubudala. Kwaye, owu, ayeme ngaphaya ehleka oko ndandikutsho.

160 Ndaza ndathi, “Unotata nomama behleli phaya abadala. Akunamali. Cela imali, uze ubone ukuba ayizi phezu kwakho. Celela udade wenu, uze ubone ukuba akaphakami na ahambe.” Ndandiyazi ngoko, njengoYobhi, kukho nje into ethile oyaziyo xana ubetha yona. Ndathi, “Ndiyayazi! Naku ndimile phambi kwamalunga neshumi labantu,” ndathi, “ukuba oku akwenzeki, ngoko ndingumprofeti wobuxoki.”

161 Wathi, “Yintoni endiyakuyicela?”

162 Ndathi, “Ixhomekeke kuwe ukuba wenze isigqibo sakho. Andinakukugqibela.”

163 Wabhekabheka, umfazi omncinci. Kwaye konke ngaxeshanye, wathi, “Mzalwana uBranham, owona mnqweno mkhulu entliziyweni yam lusindiso lwamakhwenkwe amabini am.”

164 Ndathi, “Ndiyakunika amakhwenkwe akho, eGameni likaYesu Kristu.” Kwaye wona ekrikritheka, ehleka, amakhwenkwe awenza intlekisa awela emathangeni kanina wawo, aze anikela ngobomi bawo kuThixo, kwaye azaliswa nguMoya oyiNgcwele kanye phaya.

165 Ngokuba? Leyo yiNyaniso! UThixo unegunya lokundibulala, phambi kwaba bantu ukunqumleza isizwe. Abaninzi benu apha eJeffersonville, ndingawuva umnquba undumzela ngoku, “Amen!” ngokuba bahleli kanye apha bephulaphule kuyo. Yabona, ngokuba yiNyaniso! Yintoni? Kuxa uThixo, ngobabalo Lwakhe oluzimele geqe; iyenzeka! Ngaphadle kokuya, ayisayi kwenzeka.

166 Ngela lixa libalulekileyo . . . Cinga ngamadoda nabantu endiqhelene nabo. UThixo egqitha bonke abantu abadumileyo, nento yonke, ukunika ohluphekileyo, omncinci othobekileyo umfazi, ongenakho nokutyikityika igama lakhe phantse; kwaye Yena wakwazi oko awayezakukucela. Kwaye leyo yayiyeyona nto inkulu; kuba udade wabo ngoku ufile, kwaye unina noyise kufanele bafe, imali ibiyakuphela, kodwa imiphefumlo yamakhwenkwe akhe inguNaphakade! Kwaye leyo yayiyiyure

yokuba wona awubambe Wona. Kwaye kwakamsinyane nje ndatshoyo, "Ndiyakunika amakhwenkwe akho, eGameni likaYesu Kristu," nangaya awela emathangeni kamama wawo. Bangaphi apha abakwaziyo okuya ukuba yiNyaniso, niyayazi? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Yabona? Injalo lonto. Ewe. Kutheni? Impefumlelo!

167 Ngoku: "Ndivile ngaWe, okokuba Wena unakho ukudala oonomatse; Ndivile ngaWe, ukuba Wena unakho ukudala inkunzi yegusha; kodwa ngoku ndikubonile Wena, ngawam amehlo!" Ukubonakaliswa, umbono wenziwe wabonakala. Xana uThixo ethembise nantoni na, oko koko Ayakukwenza.

168 Qaphela, xana unesidingo, mhlawumbi njengoYoshuwa. Wayenesidingo; akazange acinge ngeemeko, wasithetha, kwaye yayinguThixo! Ingaba niyakholwa ilanga lema ngxi? Nam ndiyakholwa. Yenzeka kannjani? Sukuzama ukuyiqikelela, kodwa layenza. UYoshuwa wayenza, kwaye waphakamisa izandla zakhe; kwela lixa libalulekileyo waba nokufikelela kuThixo, kwaye oko koko okwenzekayo. Kwakusexesheni. UMoya woThixo Ophilayo wabona isidingo sayo, waza watyhalela phezu koYoshuwa ukuba ayitsho. UThixo okwamnye wabona isidingo sika Abraham. UThixo okwamnye wabona isidingo sokuqinisekisa esi Sibhalo kum, sokokuba *esa* Sibhalo sinyanisile, naso! UThixo okwamnye ubonile isidingo salo makhwenkwe mabini amiselwayo kwangaphambili, kwaye yayilelaxesha Wayibonakalisa kwaye waqinisekisa iLizwi Lakhe.

169 UNgcwele uMarko i-14, sibona umfazi wamkholelwa Yena, wayenesidingo kwaye wambona Yena ukuba unesidingo sokuba iinyawo Zakhe zihlanjwe, kwafuneka nje ukuba aphefumlelwe ukuze aye ekwenzeni. Ngoku phulaphulani njengoko . . . ngaphambi kokuba sivaleni. Kwafuneka nje abe uphefumlelwe ukuze aye ekwenzeni, ngokuba wayesele evile malunga naYe. Wayevile ukuba "Waxolela umfazi izono zakhe, ihenyukazi. Kwaye wathi, 'Ngubani kuni ongenasono? Gibisela ilitye lokuqala.'" Wayevile malunga naYe, kodwa ngoku wayembonile Yena. Wayephefumlelwe ukuba amlungiselele Yena. Leyo kuphela kwento ofanele uyenze.

170 Yekela uMoya oyiNgcwele ukuxelele ukuba "Ungumoni!" Yekela uMoya oyiNgcwele ukuxelele "Wonile!" Yeka uMoya oyiNgcwele ukuvezele ngeSibhalo ukuba "NgokweSibhalo akulunganga!" Kwaye into . . . 'kuba kuphela Wona uyakuzamisa uphumele ngejelo elithe gqo elinye laso sonke iSibhalo sikaThixo, Awuyi kugqitha nje. Ukuba uyayenza, Awusokuze ukwenzele nto ilungileyo. Ngokuba uMoya oyiNgcwele ungaSiphefumlela kuwe, kodwa ukuba umphefumlo awulunganga kunye noThixo, njengoko sibe singenile sagqitha kule veki, ayilunganga nakanjani. Khumbulani, abathanjiswa bobuxoki bayakuvuka kwimihla yokugqibela;

hayi ooYesu bobuxoki, ookristu bobuxoki (abathanjiswa), kwaye bayakulahlekisa kwa Abanyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.

171 Qaphela, wayenenkonzo yokuyenza kuYe. Wayevile ngaYe, ngoku wambona Yena ngamehlo akhe. Wayenonkonzo yokuyenza, kwaye wayengenanto yokuyenza ngayo. Ke wakhawuleza waya phambili nakanjani, ukwenza inkonzo, uThixo wanikeza ngamanzi neetawuli zokuba ahlambe iinyawo Zakhe. Wayevile ngoThixo Ophilayo, bonke ubomi bakhe, kodwa ngoku wambona Yena ngamehlo akhe. Wayazi ukuba yayinguYe, kwaye impefumlelo yambetha, waze wathi, "*Lona* nguMthunywa!" Wayefuna inkonzo (wayengenanto yokumkhonza Yena ngayo), iinyawo Zakhe zazimdaka. Kodwa wakhawulezela phambili nakanjani, ukwenza inkonzo kuYe, ngokuba wayephefumlelwe ukuyenza.

172 Owu lungu lebandla eliwileyo, ndoda yehlelo okanye mfazi, akusiboni isidingo anaso uYesu ngobu busuku? Ukuba impefumlelo ingakhe nje ikubethe, lena yiyure yokuyenza. Kodwa wambona Yena ngamehlo akhe. Abanye phaya babehlekisa ngaYe. Babengawukholwa uMyalezo Wakhe. Ngokuphandle, umhlinzeki, umalusi-mhlinzeki, omdala uSimon, wayebizele Yena ezantsi phaya ukuze ahlekise ngaYe. Babengakholwa ukuba wayengumprofeti Yena.

173 Ke ngoko xana yakhangeleka ngathi umtyholi uyisebenzile kanye nje kuye ukutsho oku, wathi ngaphakathi kuye, "Ukuba le ndoda yayingumprofeti, ibiyakwazi hlobo luni lomfazi wayenguye lowa usezinyaweni zakhe. Ukuba yayingumprofeti!" Yabona, yayingatyhilwanga nokutyhilwa kuye Wayengubani Yena. Kwakungenakubakho nanye impefumlelo enokumbetha, kuba akukho nto phaya yokuyibetha. Kodwa yabetha kumfazi!

174 Amehlo akhe ayebone ngaphaya kwesigxeko sakhe. Wakholelwa Wayekhona, yabona, iLizwi labaprofeti. Wayazi umfazi ukuba Okuya yayingawo onke Amazwi abaprofeti, ayengqinelwe kuYe. Yena umfazi wayevile ukuba Yena wayesemhlabeni, kodwa ngoku uyambona Yena. Qwalasela oko wakwenzayo umfazi. Walibona iLizwi lenziwe inyama, uMesiya, u-Imanuweli. Xana wanikezela kukubetha kwentliziyo kokholo lwakhe (lwesityhilelo sokuba WayeNgubani, kwixesha awayephila kulo, okokuba WayeyiMvana kaThixo yabanjalo aboni njengoko wayenjalo), waya phambili ukuya kukhonza izidingo Zakhe ngaphandle kokwazi indlela awayeyakuyenza ngayo.

175 Leyo yindlela impiliso yenene eza ngayo, xana ityhiliwe kuwe ukuba "Wahlatywa ngenxa yezikreqo zakho, watyunyuzwa ngenxa yobugwenxa bakho, kwaye ngemivumbo Yakhe *wena* waphiliswa." Xana iphefumlelwe kuwe ukuba ububone uBukhona Bakhe apha, kaNgcwele uMarko i-11, okanye, uNgcwele uLuka i-17:30, okokuba Uzakuzityhila Yena

kwimihla yokugqibela (phakathi kwabantu Bakhe, enyameni yomntu) njengoko Wenzayo phambi kweSodom. Xana ubona okuya, kwaye into ethile iyakubetha!

176 Ugqirha angathi, “Umhlaza usekhona phaya.”

177 Isigulane singathi, “a—a—a—a—a—andiyazi ndizakuhamba kanjani, kodwa ndizakuhamba nokuba kutheni.” Asiyazi izakwenzeka kanjani.

178 Waya ngaphambili ukuya kumlungiselela Yena, ngokuba impefumlelo yambetha Yena . . . yabetha yena, okukuba leyo yayiyiyure, yayinguMthunywa, yayinguMesiya Owayezakuphilisa, kwaye waYikholelwa. Kwaye Wayedinga inkonzo ukuba yenziwe kuYe, kwaye waya ngaphambili ngaphandle kwayo nantoni ebonisa ukuba angayenza. Waya nje phezu kwempefumlelo yakhe. Qaphela! UThixo waqhekeza imithombo yamadlala enyembezi emehlweni akhe. Amehlo akwamanye ayethe eva . . . iindlebe ezazimvile Yena; amehlo awayeYibonile, aqhekeka luvuyo. Ngoko lowo ungomnye, onwele zinde azinikwe nguThixo, kunye neenyembezi zisehla. UThixo wamnika iitawuli (ngeenwele zakhe), kunye neenyembezi zakhe. Walungiselela izidingo Zakhe, isidingo soThixo Ophilayo. Wayevile malunga naYo, kodwa ngoku wambona Yena, wayenakho ukumenzela inkonzo Yena.

179 Owu moni! Kutheni ungenzi ngohlobo olunye njengoko ubona izidingo ngoku? Ukuba Uyakudinga, inkonzo yakho! Ngoku uyambona Lowo, Owakhe weva malunga naye eBhayibhileni. Simbonile Yena kubusuku obugqithileyo engena apha, noko akwenzileyo Yena. Siyambona Yena, umhlangano emva komhlangano, kwaye ngamanye amaxesha sihlala nje sibanda kwaye singakhathali uthi, “Ewe, ndiyasazi iSibhalo siyakutsho. Owu, ndi—ndiyibonile isenziwa, yabona.” Asinamihlali, ayikhangeleki isibetha kakuhle. Phaya akukhangeleki iyinto ethile, njengokungathi ubugalela . . .

180 Uthabatha imatshisi uze uyiqhwithe, ukuba imatshisi ayina salfa kakuhle entlokweni yematshisi, ayinakuqhwitha. Kwaye ungarhugula kwaye urhugule kwaye urhugule, kodwa ukuba ikhemikhali ethile iye yabulala isalfa phaya, ayiyi kuqhwitha, akuyi kubakho kukhanyisa. Kodwa ukuba ikhemikhali, isalfa yokuqhwitha kwintsimbi iya . . . futhi isephaya xana ibetha, iyakukhanyisa.

181 Kwaye xa okunyanisekileyo, okuyinene ukungqinelwa kweZibhalo zaloMyalezo womhla wokugqibela, kwaye uyabona uBukhona bukaYesu Kristu, ukuba ukhe weva oko Akwenzileyo ebomini Bakhe, kwaye uve iZibhalo zisithi “Unguye izolo namhlanje, naphakade”; kwaye nje phambi kwemeko yaseSodom itshiswa ngomsindo kaThixo, ubona uYesu ebuyela phakathi kwabantu Bakhe, ebumbeka enyameni yomntu, kwaye esenza into ekwanye Awayenzayo. Bethu! Ifanele

iqhwithele imiphefumlo yethu eluZukweni! Ifanele ukwenza into ethile kuthi. Kutheni? Iwela kokuya.

182 Nivile eBhayibhileni Awakwenzayo, indlela umfazi wachukumisa ingubo Yakhe. Wajika waza wamxelela yayiyintoni ingxaki yakhe, kwaye ukholo lwakhe lamphilisa. Ngoku, Wathembisa ukuba Uyakwenza la nto ikwanye kwakhona, nje phambi kokuba ihlabathi litshiswe, kwaye ihlabathi liyakuba kwimeko yeSodom. ITestamente Entsha, umProfeti, umProfeti-Thixo, umProfeti wabaprofeti, uThixo wabo bonke abaprofeti, inzaliseko yobuThixo isenyameni, uThixo we. . . ebonakaliswe enyameni, uMdali, weGenesis. Haleluya! LiLizwi Lakhe! Wathi iyakwenzeka! Kwaye sibona imeko yeSodom, sibona ihlabathi likulameko, ngoku sibona Yena esiza esehla kwaye esenza ngqo oko Athe Uyakukwenza. Ngoku, sivile ngaYe, ngoku siyambona Yena! "Ndivile ngaWe ngeendlebe zam, ngoku ndiyakubona Wena ngamehlo am." Amen! "Ndiyakubona Wena ngamehlo angawam." Enjani iyure efanele ibe yiyo! Elinjani ixesha elifanele libe lilo! Ukuqinisekiswa kweLizwi Lakhe! Soloko xana iLizwi liqinisekiswa, lowo nguThixo ethetha eLizwini Lakhe, ezenza Yena abonakale okokuba ube nakho ukumbona.

183 Ngoku, nali ihenyukazi elincinci liphuma estratweni, lisiwa esiguqweni, phambi koYesu, laze lahlamba iinyawo Zakhe ngee—ngeenyembezi, laze—laze lazisula ngeenwele zalo. UThixo wamhlonipha, Wathi, "Naphina apho le Vangeli ishunyayelwa khona, makuxelwe oku ukwenzela isikhumbuzo kuye." Kutheni? Jonga lalinjani ukungcola elalikuko, kodwa into ethile yabetha. Wabona iLizwi lesithembiso, ukusuka kumyezo we Eden, lona, "iMbewu yomfazi iyakutyumza intloko yenyoka." Wabona uMesiya owayezelwe yintombi.

184 Weva ukuba Wayeyakuzalwa yintombi, kodwa beva ukuba la Ndoda yayisemhlabeni. Weva ukuba kwakukho uRabhi omncinci, umProfeti, Owaphilisa abagulayo. Wakukholwa oko! Kwaye nali lisehla ngestrato, lihamba hamba, libhekabheka. Kwaye lajonga ngaphaya laza labona ela theko likhulu liqhubeka. Lanyebeleza ukuza kucingo, laza lajonga ngalo, kwaye nankuya ekhona Yena. Nankuya wayephaya Yena! Into ethile yathi, "Lowa nguYe!" Yabona, oko kuphela elalikudinga ukuba liphefumlelwe. Yabona okwenzekayo? Labona iLizwi likaThixo lenziwe inyama. Lalivile ngeendlebe zalo, ngoku labona ngamehlo alo.

185 Ngoku, wonke ubani uyayazi ukuba sinesithembiso semeko yebandla, kumhla wokugqibela. Ibandla, kwimeko yalo yangoku, alinakuze liyizalisekise imithetho kaThixo, umyalelo omkhulu, akungekhe kubenakho ukukhupha uMtshakazi. Leliphi eliyakubanguwo? AmaPentekoste? Ndingathi hayi. Akukho nalinye lawo. Elo likhasi elikwingqolowa. Elo laphuma, lakhangeleka nje ngqo ngokufana nengqolowa, kodwa

kwakungekho ngqolowa kulo. Liyavuleka, kodwa ukhozo liphuma kokuya. Bazenza umbutho, bayazibulala. Phaya kulapho bafa khona. Baziziqu zesityalo. Kodwa ingqolowa inyuke ivela iphuma phaya, kwaye ngoku iyaqalisa ukubumbeka kwisimo soMtshakazi. Ukhozo lwengqolowa elawela emhlabeni ngezigaba zobumnyama, lifanele life.

186 La mgxeki esithi, "Kutheni uThixo wenceba, obenokuvula uLwandle oluBomvu, eme aze eyeke elosizi lamaKristu adliwe ziingonyama, aze atshiwe, nento yonke? Wahlala, njengokungathi Wahleka malunga nayo!" Usizi longazinto! Akayazanga na, "Ngaphandla kokuba ukhozo lwengqolowa luwele emhlabeni"? Lifanele life ngazo ezo zigaba zobumnyama, njengalo naliphi elinye ukhozo lwengqolowa lifanele liye ngaphantsi komhlaba kwaye lingcwatywe, ukuze livelise kuhlaziyo lokuqala wona amagqabi amabini kaLuther, isiqu sesityalo. Kwafuneka ukuba kuvele kumaWisile, phaya ngaphesheya, ukuze kuvelise umungu, inquma, isigaba esikhulu sobumishinari. Kwanyanzeleka ukuba kuvele kubuPentekoste, ukwenzela ukubuyiselwa kwezipho, kuphantse ukulahlekisa nabaNyuliweyo. Ikhangeleka ngathi lukhozo lwengqolowa; yivule, akukho ngqolowa phaya konke konke, likhasi kuphela. Kodwa phaya emva, ngoko, baqala ukwenza umbutho wobunye, umbutho wobutriniti, umbutho wobubini, nombutho webandla likaThixo, kwaye zonke zingumbutho, kwaye nje ngqo ukufa! Kwaye ngoku kwenzeka ntoni? Kodwa likhasi lengqolowa, ibe ikhula ngalo lonke ixesha.

187 Ngoku iyaqala ukuhluba, ingqolowa iqala ukubonakala. Esi ayisosigaba sobuPentekoste. Eli lixesha lomhla wesigaba samva. Esi sisigaba soMtshakazi. Oku kukuKhanya kwangokuhlwa. Oku kuxa uMalaki 4 emelwe kukuzaliseka, ukulandela umzekelo kaThixo. Oku nguLuka 17:30, ukuba azaliseke. Le yeyesibini . . . NoYeremiya, nabo bonke abanye, athe uYoweli wathetha ngale mihla, *lena* yiloo mini. "Ndiyivile, Nkosi, kwaye Ibisiza, kodwa ngoku ndiyaYibona ngeliso lam."

188 Nangona abaninzi . . . bangaphi abalinganisi bobuxoki abavelayo, bona ooYanes noYambres nawo onke amaqhinga abo okwenza yonke into awayenzayo uMoses, abazange bamshukumise yena okanye u-Aron konke konke. Babesazi apho . . . njengoYobhi, babesazi ukuba impefumlelo yabo yayiphuma kuBani na. Babesazi ukuba Yayingu-ITSHO INKOSI! Kwaye Bhayibhile enye eyathetha ngabo, yathi, "Bayakuza ngemihla yokugqibela, abalinganisi." Loo mahlelo enkolo, xa into ethile yaqalayo . . . Ngubani owaqala kuqala? UMoses okanye bona? Ukuba babeqale kuqala, uMoses ngewayebe ngu—ngumlinganisi.

189 Ngoku sinazo zonke iintlobo zabacaluli nayo yonke enye into ezama ukuphosa ingqondo yakho ukusuka kwinto yenene kaThixo, ntoleyo uThixo athe wayiqondakalisa ukuba

iyiNyaniso ngeSibhalo Sakhe. “Sivile ngaYo ngeendlebe zethu, ngoku siYibona ngamehlo ethu.” Amen! Niyayikholwa Yona? Iintliziyo zethu zonke! Inkuthazo! Kwaye ngaloo mini xa uNyana womntu etyhilwa, uNyana womntu, uYesu Kristu ebonakalaliswa phakathi kwabantu Bakhe.

190 INdoda yehla yaya phaya phambi kuka-Abraham neqela lakhe, iNdoda nje ekhangeleka nje qhelekileyo, uthuli empahleni yaYo. Yayiwujongise umva Wayo ententeni, Yathi, “Uphi uSarah umkakho?” (hayi S-a-r-r-a, S-a-r-a-h; A-b-r-a-h-a-m, hayi A-b-r-a-m). Wabiza igama lakhe, wathi,“Uphi?”

191 Wathi, “Usententeni, emva Kwakho.”

192 Wathi, “Ndiza kukundwendwela ngokwexesha lobomi” (kwaye wahlekela ngaphakathi). Wathi, “Kutheni nje ehlekile?” (Uh-huh). Ngoku, Wathembisa. Abo bantu yayingabo babekhangele unyana othenjisiweyo.

193 Ngoku, andikhathali benza kangakanani abantu kula mahlelo, ukuba ba “bakhangela uKristu,” izenzo zabo zingqina ukuba abanjalo. Ilungile lo nto. Izenzo zakho zithetha kakhulu kunamazwi akho. Konke abacinga ngako kukwenza amalungu ehlelo, kodwa kukho abantu abathile, omnye *apha* na*phaya,* abakhangele ukuBuya kweNkosi. Baqaphele. . .nangona. Kuphela ngabo Ayakuzityhila Yena kubo, ngabo kuphela abaya kuqonda.

194 NgabaNyuliweyo nje abaqondayo ukuba Wayengubani na. Khawucinge nje, kukho malunga nezigidi ezithathu zabantu, amaYuda, emhlabeni, kwakungekho nesinye kwisithathu sabo esayaziyo ukuba Wayelapho wade Wabe sele efikile kwaye wemka. Yabona? Kodwa Wazityhila Yena kwabo babelindile: UYohane umBhaptizi, kunye—kunye nabapostile ababebizwe nguYohane, nanjalo njalo, no-Anna oyimfama etempileni, uSimon umbingeleli lowo “yayityhiliwe kuye nguMoya oyiNgcwele ukuba wayeza kumbona uKristu.” Zonke ezo nkokheli zinkulu zenkolo, abafundi bezakwalizwi nezinto ezinjalo, bezimfama njengokuba babenokuba njalo!

195 Kuphela imvula enokuthi iyikhulise imbewu, ukuba imbewu sele iphaya. Kwaye njengokuba wawuyintsobi yobomi kuqala kuyihlo, kwaye yena engakwazi, ukanti wawukuyihlo. Kodwa ngentsimi kamama wakho, wenziwa wabonakalaliswa ngokufana naye, kwaze emva koko waba nakho ukuthetha nawe. UThixo, uThixo Omkhulu; ukuba unoBomi obunguNaphakade, ngoko intsobi yoBomi obunguNaphakade yayikuThixo ekuqalekeni. Kwaye wawuphaya, wawusekucingeni Kwakhe, igama lakho nako konke. Kwaye Yena, ngokwazi kwangaphambili, wakumisela ukuba ukubone Oku. Kwaye wena wawungamiselwanga, awusayi kuYibona. Kodwa, khumbula, eGameni leNkosi uYesu,

"Iyure ifikile!" Awungemkholelwa na Yena? Nikelani ubomi benu kuYe. Kufuneka ndiyeke, kusemva kwesithoba.

Masithobe iintloko zethu.

196 "Ndivile, Nkosi, ngaWe, ngoku ndiyakubona Wena!" Nkosi Yesu, sikelele aba bantu njengoko belindile.

197 Ngoku ndiza kunibuza umbuzo. Ndiza kuyekela uMoya oyiNgcwele (ndiyathemba ukuba Uyakuyenza) azigocagoce iingqondo zenu, anivavanye, avavanye imiphefumlo yenu, aze abone ukuba niyakholwa na ngenene. Kwaye ukuba nifumanisa ukuba kukho intwana yentandabuzo phaya, ungasiphakamisa isandla sakho? Uthi, "Nkosi Yesu, mandikubona Wena. Ndivile ngaWe, kodwa andizange ndakubona Wena. Mandikubone Wena, ndiyakukholwa." Konke kulungile. Ilungile.

198 Ngaba kukho abathile apha abangaMaziyo njengoMsindisi wenu? Phakamisa isandla sakho, uthi, "Ukuba . . . ndi—ndingumoni, kodwa ukuba mna . . . ukuba Wena—ukuba Wena ungandivumela ukuba ndikubone Wena, Nkosi Yesu, bonakalalisa eli Lizwi bathetha ngalo. Ndiyazi ukuba leyo yindlela uYobhi awaKubona ngayo. Ndiyazi ukuba leyo yindlela u-Abraham awaKubona ngayo. Ndiyazi ukuba yiloo ndlela abakubona ngayo bonke Wena abanye, ngokuba yayiliLizwi Lakho elathenjiswayo lingqinelwe. Ndive zonke iintlobo zezinto, kunye namaqhinga, nayo yonke into, kodwa ndiyaqonda ukuba kukho uMyalezo wemihla yokugqibela elizweni, okwathethwa ngawo yiNgelosi emlanjeni, ngo-1933. Ndivile ngeenkonzo zempiliso ziphuma, kwaye ndiyayazi ukuba xa okuya kusenzeka, ayinakuhlala kuleya ikwanye indala indlela yobuhlelo." Yayingathunyelelwanga okuya, ayizange ihlale phaya. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] . . . ? . . .

199 Bekunokuthini ukuba uMoses ebengeza, athi, "Masakhe umkhombe njengoko wenzayo uNowa, sidade ukuphuma eYiputha ukwehla ngomlambo"? Owu, hayi. Yabona? Hayi! WayenoMyalezo osuka kuThixo, wayesisibonakalaliso. Laa mprofeti uvelayo emboniswen, ngekwayiqondakalisa kuSirayeli kanye phaya. Babengenamprofeti amakhulu amane eminyaka, babengenamprofeti, kwaye nanku umprofeti evela emboniswen. Babemelwe kukuba bazi ukuba kukho into ezakwenzeka.

200 USirayeli kwakhona wayengenamprofeti amakhulu eminyaka, kwaye naku uYesu esiza emboniswen. Kwaye umfazi equleni, wathi, "Mhlekazi, ndiyabona ukuba ungumprofeti Wena. Ngoku, asikhange sibenaye iminyaka engamakhulu amane." Ngokuba, Wayekwazi okwakusentliziyweni yakhe. Yabona?

201 Ngoku, sithenjiswe isigaba sebandla ngabahlaziyi, kwaye sibe nabo. Kodwa Wathembisa, kuMalaki isi-4, Uyakuwugcina umzekelo Wakhe ngemihla yokugqibela, okuyakwenzeka,

"Ukubuyisela iintliziyo zabantwana kuKholo lukayise wobupostile." Ngayo kanye loo njongo! Kwaye ibandla liqhekeke kakhulu kumahlelo nee-isms, likrazukile laziziqwenga de labe lifile; libe lingumthwali. Waze emva koko Wathembisa, ngeyure yoMyalezo wesithunywa sesixhenxe, aMatywina aSixhenxe ayakutyhilwa; kwaye iimfihlelo zikaThixo ziya kubhengezwa (ISityhilelo i-10) xa ingelosi yesixhenxe iqalisa ukuvakalisa uMyalezo wayo, hayi inkonzo yempiliso, uMyalezo olandela inkonzo yempiliso.

202 UYesu waye eyi "ndoda ebalulekileyo" okoko Wayenokuphilisa abagulayo. Kodwa Wathi xa, "Mna noBawo waM sibaNye."

203 "Huh-uh! Oko kwakuphosakele!"

204 UYobhi waye "balulekile," de kwenzeka into kuye. Yabona? Isoloko injalo.

205 Kholwa! UyakuMamnkela ngoku? Phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndiyakholwa kuYe. Ndifuna ukumamkela Yena." Inkosi ikusikelele. Inkosi ikusikelele. Kulungile oko.

Ngoku hlala uzolile kwaye uthandaze umzuzwana nje.

206 Thixo othandekayo, ngalo mzuzu undilisekileyo, izakuba lixesha elinje xa okunene kuya kubakho indudumo ngenye imini, kwaye uNyana kaThixo uyakwehla emazulwini kunye nendanduluko, nelizwi lesiPhatha-zithunywa, nexilongo likaThixo, abafele kuKristu baya kuvuka. Kwaye ngamnye wethu uyazi kwaye uyazi ngobubusuku, Bawo, ukuba kuyakufuneka siphendule ngelizwi ngalinye esilinikayo, kunye nelizwi ngalinye esilithethayo. Kwaneengcinga ezisezintliziyweni zethu, siyakuziphendulela ngayo. NdiyaKuthandaza, Thixo, eGameni likaYesu, ukuba Uyakucoca yonke intliziyo elapha. Coca intliziyo yam, coca iintliziyo zaba bantu. Kwaye sanga singazilungiselela, Nkosi, kwaye yanga amehlo ethu omoya angavulwa ngobu busuku ukuze sibone uBuqaqawuli bukaThixo uSomandla. Sivile ngaYe, Owu Thixo Bawo, siyathandaza ukuba Uyakusivumela ukuba siMbone. Siphe oko, Bawo. Nikeza ngezi ntsikelelo, ndiyathandaza, ngeGama likaYesu Kristu. Amen.

207 Khumbula: Entliziyweni yakho, apho uhleli khona, yenza isiguqu sakho esincinane. Yithi, "Nkosi Yesu, yiza entliziyweni yam ngoku. Ndinike into yoku. . . into endinokuyibamba. Ndenze ndive ngokuvakalelwa laa mpefumlelo endixelelayo ukuba Wena 'ukhona.'"

208 Ngoku, enjani yona intetho enokwenziwa ebantwini! Enjani i—into yokwenza! Ngoku ndizakucela iNkosi uThixo, ndibuze. . .

209 Bangaphi kuni abathatha iiteyiphu? Nivile ngo: *Kuxesha Lini, Bahlekazi*? Ngaba siye sabonisa ezo magazini nezinto

ezinjalo, kunyaka ngaphambi kokuba yenzeke? Inzululwazi ibambekile kuyo. Kwakukho iNkosi uYesu ethweswe isithsaba kwaye inxibe la wigi imhlophe njengoko ubona eBhayibhileni, kwiSityhilelo 1, kunye noDaniyeli, UMgwebi oPhakamileyo weZulu nomhlaba. Kanye phaya, xa inzululwazi ingenako nokuLibona ngokwayo. Kwaye kwindawo yokujonga izibhakabhaka, phaya phandle kwiDyunivesithi yase-Arizona nokuhla ukunqumla eMexico, bayakhangela, bebesenza leminyaka emibini edlulileyo. Kwaye apho wawuxelelwe khona, yayi "zakwenzeka," ngaphambili.

210 Kuthekani ngenyikima yase Alaska? Bukela iHollywood isiwela elwandle! Jonga kwaye ubone ukuba ayenzi njalo. Akazange andixelele nantoni na engalunganga okwangoku, iyakuyenza. Yabona? Kwaye qaphela nje kwaye ubone ukuba asiphili kwiiyure zokuvala zembali na. Akukho mntu waziyo ukuba yeyiphi na iyure Azayo ngayo. Kodwa ndazi nto nye: Ndiyakholwa, kwimeko yam yangoku, ukuba ndisengqondweni ephilileyo, kwaye ukuba bendingenguye umKristu, Ngokuqinisekileyo bendiyakufuna ukuba ngumKristu wenene weBhayibhile, hayi wehlelo. Musa ukuxhomekeka kuba ukhwazile. Sikuvile oko ngale ntsasa, saqondakalalisa ngeLizwi likaThixo; iphumile ngokupheleleyo kwintando kaThixo, ayenzanga nto kuphela ibangele ukufa. Musa ukuba kwisiqu sesityalo, yiba kuBomi. Yabona? Yiba nokholo kuThixo.

211 Ingaba uyakholelwa ukuba uThixo owenza esi sithembiso, othe Wabonakala, kwiNcwadi yeGenesis, kwaye wabonakala ku Abraham waza wenza lammangaliso . . . Kwaloo Thixo mnye wenziwa inyama, inyama yomntu, wazalwa yintombi enyulu. Yayiyingumzimba welizwi phaya, kakade, kodwa ngoko xana Efika esenyameni yomntu kwaye wayekwanguMntu omnye, esenza kwa izinto ezikwanye, . . . Awukholwa okokuba ukuba uThixo unokufumana umntu, athe Wathembisa ukwenza ngokukaMalaki 4, umjelo Anokuthetha ngawo, Uyakwenza kwaloo nto inye Awathi Uyakuyenza phaya? Uyakukholelwa oko? Ndiyakholwa ukuba Uyakwenza, kananjalo.

212 Uyakholwa ukuba unganokholo lokuchukumisa ingubo Yakhe, ukholo Lwakhe lokuchukumisa ingubo? Ingaba uyakholelwa ngelixesha ngoku ukuba into ethile iyathetha entliziyweni yakho eyakukuxelela ukuba unokholo lokuchukumisa ingubo Yakhe? Uyakholwa ukuba ungakwenza oko? Fikelela phezulu uze uchukumise ukholo lwakho ngoko, hayi ngemvakalelo, nje ngoloqobo olunyulu, olungangxengwanga ukholo. Yithi nje, "Nkosi, ndiyakholwa. Ndiyakholwa ngentliziyo yam yonke. Ndifuna Undichukumise kuba ndi—ndikuvile ukuba uyenzile, ngoku ndifuna ukuyibona ngawam amehlo."

213 Kwaye andinakuchukumisa. Kuthabatha uThixo ukwenza uchukumiso. Uyakholwa ukuba Uyakuyenza?

214 Ndijonge kanye ngasemva ngasekhohlo kwam apha. Kubonakala ngathi kukho umjelo, oluhlobo, njengoko bendithethile, utsalela ngala ndlela. Ekubeni ndiyilathise ngala ndlela, ngoku ingena ngokumangalisayo. Linenekazi elihleli phaya nomyeni walo. Alisuki apha. Livela eTexas, eDallas. Libandezelekile, ngokunjalo nomyeni walo ubandezelekile. Likhathazwa yingxaki, liye laba notyando. Injalo lonto. Umyeni walo ubulaleka yinto ethile ngomqolo wakhe, ingxaki ngomqolo. UMnu. noNksk. Corbet, baseTexas; eDallas, eTexas. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho. Ndingowasemzini kuwe. Ingaba oko kunjalo? Akukho ndlela ehlabathini yokuba ndiyazi loo nto. Ingaba yintoni? "Ndivile ngendlebe Ngawe, ngoku ndiyaKubona." Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Ngoku buza eso sibini. Andizange ndibabone ebomini bam. "Ndivile ngendlebe ngaWe, Ngoku ndiyakubona ngeliso lam."

215 Ukuba unokukholwa, uThixo angakunika oko ukusweleyo.

216 Laa ndoda ihleli phaya iphakamise isandla sayo esilevini, inoxinzelelo lwegazi oluphezulu. Uyakholwa ukuba uThixo uyakuphilisa, mhlekazi? Uyakholwa? Uhleli nesandla sakho *ngolu* hlobo, uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa kolu xinzelelo luphezulu lwegazi? Phakamisa isandla sakho, ukuba uyayikholwa Yona. Kulungile, Uyayenza. Andizange ndayibona indoda ebomini bam, andazi nto malunga nayo. Kodwa nivile ukuba uYesu wathi, apha eBhayibhileni, ukuba Uyakuzenza ezi zinto, ngoku niyabona! Niyabona ukuba ndithetha ukuthini? "Ukuba unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka." Kuphela kwabakholwayo! Kuthatha ngenene, ukholo lwenene ukuyenza. Kodwa ukuba unokuYikholwa, uThixo uyakukunika.

217 Kukho inenekazi elihleli kanye phaya emva, lijonge kum, linoqilikwana emqaleni walo.

218 Inenekazi lihleli ecaleni kwakhe, lihleli ecaleni kwakhe, ukuze liqonde, elaa nenekazi liphaya linoxinzelelo loqondo oluphezulu lwegazi, kananjalo. Injalo lonto.

219 Inenekazi elihleli ecaleni kwakhe, line—linengxaki, ngokunjalo. Kwaye asilolalapha, lelase-Arkansas. Bayayiphosa. Nkosazana Phillips, kholwa kwiNkosi uYesu Kristu uze uphiliswe! Uyakholwa kuYe? Ngentliziyo yakho yonke? UyaYamkela? Injalo. Emva koko ungayifumana.

Ngoku uthi, "Lowo ngumnqa." Hayi! Hayi!

220 UYesu wathi, "Igama lakho unguSimon, ungunyana kaYona." Ingaba oko kunjalo?

221 "Ndivile ngendlebe zam ngaWe, ngoku ndiyaKubona ngeliso lam." Ngoku awukuboni okwenzekileyo? Umntu othile ohleli

nje phaya, ekhangele, ekholelwa, ethemba, kwaye konke ngaxeshanye kuyenzeka. Yabona?

222 Uziva ngcono, nyana, ngobu busuku, kunokuba ubuziva phezolo? Ukuhlala phantsi? Kulungile ngoku, uzakuphila (uh-huh). Ehleli apha phezolo, ebetha intloko yakhe nayo yonke engenye into; ngoku, ngobu busuku, ukhangeleka njengenene. Yabona? Wayebhidekile kancinci malunga nezinto, kodwa yonke into ilungisiwe ngoku. Yabona? Kuya kulunga. Yabona? "Kwaye ngaloo mhla, uNyana womntu uyatyhilwa, yabona, nje phambi kokuba iSodom itshiswe."

223 "Ndivile ngendlebe zam ngaWe, ngoku ndiyakubona Wena ngeliso lam. Ndimvile uYesu Kristu esithi Wathembisa oko, ndiyasibona esa sithembiso siphila kanye ngoku." Yabona? "Ndivile ngaWe ngendlebe yam, ngoku ndiyaMbona ngeliso lam." Bangaphi abakholwayo ukuba nguYe Lowo? (Owu Thixo!)

224 Ngoku, ngeli xesha silapha . . . kuyahlwa. Ngomso ebusuku siza kuba nenkonzo enkulu yempiliso. Silindele uMzalwana uMoore kunye nam ukuba sime apha sithandazele wonke umntu ofuna ukuphumela emgceni. Kodwa bendicinga ekuthetheni oku ngobu busuku, bendizakubizela nje esiguqweni. Kodwa emva koko ndiye ndacinga, "hayi," Yatsho phaya, "Ndivile ngaWe ngendlebe, ngoku ndifuna ukuKubona ngeliso lam." Ngoku Ulapha. Uyakukholelwa oko?

225 Ngoku masibeke izandla zethu phezu komnye. Ngoku, khumbulani, kwaLowo wathembisayo ukuba Uyakukwenza *oku*, wathi, "Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo." Ingaba WaLithetha? Ingaba ulikholwa? Yithi, "Amen." Ke, ngoko, kwaloo Thixo mnye owenze esi sithembiso nimbona Esenza khona ngoku, . . . Buza nawuphi na kwabo bantu, andizange ndababona, ndingazi nto malunga nabo. Bendingayi kubazi kanye ngoku, yabona, akunakwenzeka ukuba ndikwazi. Kodwa esa Sibhalo simelwe kukuzaliseka! Ke, ukuba oko kuzalisekile, kubonisa ukuba sikwixesha lokugqibela, siya kwazi ukuba uNyana womntu ukulungele ukubakho . . . ukuza, ngokuba Uzityhila Yena ekwinyama yomntu. Ingaba oko kunjalo?

226 Ngoko siyazi ukuba yinyaniso, kwaye uthi ulikholwa kuYe, kwaye ubeke izandla zakho phezu komnye nomnye. Kwaye ukuba izandla zenu zithe zabekwa phezu komnye, lowa ukwamnye uNyana kaThixo olapha ukuza kwenza *oku* kubonakale emehlweni enu, kwa lo Nyana ulapha ukuza kuthi, "Baya kuphila!" Kwalo Nyana kaThixo umnye! "Ndeva ukuba Wathi, 'Ukuba amakholwa abeka izandla zawo, baya kuphila.' Ndiyivile ngeendlebe zam, ngoku mandiyibone ngamehlo am. Wathembisa ukuyenza."

Ngoku ngelixa ndithandazayo, thandazani.

227 Nkosi Yesu, eGameni leNkosi uThixo weZulu, vumela uMoya Wakho uwele ezintliziyweni zaba bantu; olwa kholo lwenene lukaThixo, oluya kusiqinisekisa esi sithembiso kubo. Kwaye wanga uThixo weZulu angabaphilisa bonke ngabanye, njengoko bethobela imiyalelo Yakho ngokubeka izandla omnye komnye. Makube njalo, Nkosi. EGameni likaYesu Kristu, siphe ukuba kube njalo, ngenxa yozuko Lakho.

228 Ngoku, uyakholwa ukuba ukufumene oko ubukucelile? Ngaba into esentliziyweni yakho iyakuxelela? Ingaba uyaliva elaa bala lincinci lempefumlelo, lithe, "Ngokuba, kuphelile! Yenziwe!"?

229 Umthetho kaThixo utshilo ukuba singawuva ngendlebe yethu, ngoku sinokuwubona ngeliso lethu. Wathi uYobhi, "BendiKuvile ukukuva ngendlebe, kodwa ngoku ndiyaKubona ngamehlo am."

230 Ngoku, nikuvile ngeLizwi, ngokuva iLizwi, "Ukholo luza ngokuva, ukuva iLizwi." Ngoku uyaLibona lisenza, ngamehlo akho! Ngoku, laa Thixo mnye wakuthethayo okuya, xa ezi zinto zazizakwenzeka, ukuba "amakholwa kule Nto ayakubeka izandla zawo phezu kwabagulayo kwaye bayakuphila." Ngoku iwele na entliziyweni yakho ukuba wena "uphilisiwe"? Phakamisa izandla zakho ukuba yenzile. Amen! Yimpiliso yokwenyani yobupostile. Uyayithetha? UyaLikholwa ngentliziyo yakho yonke? Haleluya! Yiloo nto kuphela esiyifunayo.

Masime ngeenyawo zethu simdumise Yena, ngoko.

231 Enkosi kuWe, Nkosi Yesu. Malibongwe iGama leNkosi.

NdiyakuMdumisa, ndiyakuMdumisa,
Dumisa iMvana eyaxhelelwa aboni;
Mnikeni Yena uzuko nina bantu,
Ngoba iGazi Lakhe lihlambe lasusa ibala ngalinye.

232 Ngoku, niyaMthanda? Ngoku masi, sonke kunye, simnike uzuko Yena, nonke nina bantu. Ngoku, khangelani, ukuba oko kube kutyhiliwe kuni nguThixo, kwijelo obugcinwe kulo, kwa ijelo elikwalinye eliye lakuxelela "usindisiwe," kwa ijelo elikwalinye uThixo ahambe kulo, njengoko Wenzayo ngoYobhi nabaprofeti, Ungene ngawe ngelo jelo njengomKristu, ngesityhilelo Sakhe esiNgcwele "uphilile," ngoko akukho nto iya kuyigcina ingenzeki.

Ngoko siyakumnika Yena uzuko nonke nina bantu,
Kuba iGazi Lakhe lihlambile ngalinye . . .
(Yonke intandabuzo; yawasusa onke amathandabuzo.)

NdiyakuMdumisa, ndiyakuMdumisa,
Dumisani iMvana eyaxhelelwa aboni;
Mnikeni Yena uzuko nina bantu,
Ngoba iGazi Lakhe lihlambe lasusa ibala ngalinye.

233 Owu, awuMthandi? Ah, kumangalisa kangakanani. "Ndivile ngaWe, Nkosi, ngendlebe yam, kwaye ukholo luza ngokuva; kodwa ngoku ndiyakubona Wena, uThixo eZazisa phakathi kwabantu Bakhe njengoko Wenzayo ku Abraham, ngedinga Lakhe apha lokuba uNyana womntu Uyakuzityhila ngemihla apho ihlabathi liya kuba kwimeko yaseSodom."

234 Kwaye kwakukho abathunywa abathathu abaphumayo, behla bevela eZulwini.

235 Kwaye kwakukho iqela lehlelo ezantsi eSodom, noBilly Graham no-Oral Roberts behla baya phaya. Kwaye khumbula njengoko bendinixelele, akukho ndawo kwimbali yebandla kwakhe kwabakho umthunywa owathunyelwa jikelele ebandleni, kude kube ngoku, enegama lakhe eliphela njengo Abraham, h-a-m. G-r-a-h-a-m, oonobumba abathandathu, ukuya kwihlabathi, inani lomntu.

236 Kodwa u-Abraham wayenoonobumba abasixhenxe egameni, inani elipheleleyo neligqibeleleyo likaThixo. Yabona?

237 Kwaye qaphela into eyenziwa ngabathunywa abaphuma bangena phaya: bashumayela iLizwi, bababizela ngaphandle, babaxelela ukuba baguquke.

238 Kodwa Lowo Wasalayo no-Abraham, yabona, wenza ummangaliso ngokuxelela uAbraham into uSarah awayeyenza nawayeyicinga ententeni emva Kwakhe. Kwaye uYesu, Lowo wayenguLowo wayekulo Mntu, wathi, "Xa ihlabathi lifika kwimeko yaseSodom, njengokuba lalinjalo ngoko, uNyana womntu uyakutyhileka kwakhona." Kwaye zonke ezinye iZibhalo zingqina okuya ukuba kunjalo. I. . . "Ekuqaleni ubekho" [Ibandla lithi, "uLizwi,"—Mhl.] "waye uLizwi ekuye" ["Thixo,"] "waye uLizwi engu" ["Thixo."] "ULizwi wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu." Ingaba oko kunjalo? Ngoku sibona kwa elo Lizwi lithenjisiweyo, likaLuka, likaMalaki, zonke ezi zingezinye izithembiso ukususela namhlanje, lenziwe inyama, lahlala phakathi kwethu, esithe saliva ngeendlebe zethu; ngoku sibona Yena (ngamehlo ethu) etolika iLizwi Lakhe Yena, asidingi nalunye utoliko lomntu. Owu Bandla loThixo ophilayo, apha nakwiimfonomfono, vukani ngokukhawuleza, phambi kokuba kube semva kwexesha! UThixo anisikelele.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini weKhalvari.

239 Ningacinga, bandla, okokuba nijonge ngamehlo enu . . . ILizwi elikaThixo eliphilileyo lenziwe labonakala, isithembiso seyure, kwimihla yokugqibela, nikhangele ngamehlo enu kwiLizwi eliphilileyo litolikwa kwimo yendalo, uThixo phakathi kwethu! "Ndiyambona Yena ngamehlo am, Lowo . . . Ndivile ukuba Yena uyakuyenza." Zonke izilumko zamandulo zazikhangela lo mhla, ngoku siyawubona Wona ubonakalaliswa ngelihlo lethu. Mangaphi amaWisile amadala akhwazayo, amaBhaptizi, nabenene, amapentekoste oqobo kwisigaba sawo, ayerhalela ukubona oku kusenzeka! Abaninzi babo babesazi ukuba kuyakwenzeka. Kodwa simi ngobu busuku siyibona isenzeka! Owu! Ngaba awuMthandi?

240 Ngoku, uYesu wathi, "Oku baya kwazi bonke abantu ukuba ningabafundi baM, xa nithe nathandana." Ke njengokuba siMthanda, masixhawulane omnye nomnye sicule, *NdiyakuMdumisa, NdiyakuMdumisa*, Kulungile.

NdiyakuMdumisa, ndiyakuMdumisa,
Owu dumisani iMvana eyaxhelelwa aboni;
Mnikeni uzuko lonke Yena . . . (Wenza njani?) . . . abantu,
Ngoba iGazi Lakhe lihlambe lasusa ibala ngalinye.

241 Wathini ukumkanikazi waseBheletshatsare phambi kokumkani wakhe ngoba busuku? "Kukho indoda ebukumkanini bakho enyibilikisa iintandabuzo." Kwaye uMoya oyiNgcwele, ngokuhlwanje, unguMnyibilikisi weentandabuzo! Uyakukholelwa oko? (Yintoni ayifunayo? Owu, ilungile loo nto.) UMnyibilikisi weentandabuzo! Ngoku, iGazi likaKristu lisusa ibala ngalinye, ibala lentandabuzo. Akukho sono sikhulu ehlabathini kunokungakholwa, "Kuba lowo ungakholwayo, uselegwetyiwe!" Ingaba kunjalo? "Lowo ungakholwayo, ugwetyiwe." Sinye kuphela isono, kwaye oko kukungakholwa. Ukutshaya akusosono, ukuqalekisa akusosono, ukukrexeza akusosono, ukuxoka akusosono; ayisosono eso, ziziphumo zokungakholwa ezo. Ukungakholwa! Uyakwenza kuba ungakholelwa. Ukuba uyaLikholwa, akuyenzi.

242 Owu! Owu! Intoni . . . Kuyamangalisa! Kwaye iGazi leMvana lihlambe yonke intandabuzo. Siyalikholelwa iLizwi Lakhe, ngokugxininisa. Siyakholwa ukuba uLizwi wenziwa inyama. Kwaye siyakholwa ukuba iLizwi *le*nziwe inyama ngokungqinelwa koBukho Bakhe ngoku ukuze kungqinelwe iLizwi Lakhe. Niyakholwa yiloo Nto? UThixo anisikelele.

243 Siyathemba ukukubona apha kusasa, ukwenzela ixesha elimnandi eNkosini. Qubudani iintloko zenu, kwaye ndinikezela inkonzo kuMzalwana uLindsay.

Ndivile Kodwa Ngoku Ndiyabona XHO65-1127E
(I Have Heard But Now I See)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngoMgqibelo ngokuhlwa, ngoNovemba wama-27, 1965, eLife Tabernacle eShreveport, Louisiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2023 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org